2 Nónke nizitunywa Zake,
Dumisani Yena ;
Nani bemikosi Yake,
Dumisani Yena.

3 Wena langa, nawe nyanga,
Dumisani Yena ;
Zinkwenkwezi zokukanya,
Dumisani Yena.

4 Mazulu aw' amazulu,
Dumisani Yena ;
Nani manz' angapezulu
Kwawo amazulu.

5 Mazilidumis' ezonto
'Gama lo-Yehova,
Ngokuba wawis' umteto
Okwak' ukudala.

6 Pakaden' lonapakade
Zona wazimisa ;
Wazilaulel' ummiselo
Ez' nge nakuw' gqita.

7 Mhlaba ! Yehova mdumise,
Nani bominenga ;
Nani nonke ningamanzi
Az' inzonzobila.

8 Wena mlilo, nawe s'coto,
Kepu, kwanawe msi ;
Moy' ulenza ngok' vutuza
Elake ilizwi ;

9 Ntaba, na nonke ziduli ;
Dumisani Yena ;
Mit' ineziqamo nani
Kwan misedare ;

10 Nina ningaw' amaramncwa
Kwane nkomo zonke ;
Zintaka zinamapiko
Nani z' nambuzane ;

11 Abomhlaba okumkani
Naz' izizwe zonke ;
Bateteli nabagwebi
Abomhlaba wonke ;

12 Mlisela, kwanomtinjana
Dumisani Yena ;
Nina madod' amakulu
Kunye nabafana ;

13 Igama lika Yehova
Malidumiseke,
Kuba liyiyo ingxonde
'Gama Lake yedwa.

'Ndili Yak' ingapezulu
Komhlaba nezulu
14 Epakamisela upondo
Abake abantu.

Olwakuba yindumiso
Kwabenceba Yake,
Kwabasondeleyo Kuye
Konyana bo-S'rayeli.

———o———

*Indumiso CXLIX.*

## 149 C.M.

MVUMELENI u-Yehova
Eyentsha ingoma ;
Ebandleni labenceba
Kudunyiswe Yena.

2 Makavuy' u-Sirayeli
Ngowak' u-Menzi,
Luz' usapo lwe-Tsiyoni
Kumkan' lumgcobele.

3 Mabadumise beqamba
Nge Lake igama
Nay' ingqongqo bembetela
Kwana ngal' uhadi.

4 Kub' u-Yehov' ekoliswa
Nga Bake abantu,
Balulam' ebahombisa
Ngalo uloyiso.

5 Benozuko mabadlamke
Abangabenceba ;
Bona bamemelele
Besezililini.

6 'Miqaleni yabo ibe
Ka-Tix' imibogo ;
Lintlangoti mbin' irele
Esandleni sabo.

7 Impindezelo bayenze
Kwabase zintlangen,'
Ngokunjalo nabezizwe
Zohlwayo bazenze.

10 Yehova, e Zak' izenzo
Ziyakubulela;
Babe abenceba Zako
Bona bekubonga.

11 Zuko lob' kumkani Bako
Nalo bayalutsho;
Ngobugora Bako nabo
Batete nangabo.

12 Bugor' obo bebazisa
Kwinzala ka Adam,
Kwanobuqaqaul' obuhle
Bo-bak' ub' kumkan'

13 Bubukumkan' bobukumkan'
Obohlala buko;
Zizukulwaneni zonke
Wozilaula ngabo.

14 Kwabo baway' u-Yehova
Unguye umxasi,
Wabe abagobileyo
Woba mpakamisi

15 Akangele Kuwe onke
Amehlo ezinto,
Ukuba zon' uzinike
Ngexesh' elililo.

16 'Sandla Sak' uyasivula
Uz'hlutise zonke
Ezizezipilileyo
Ngokukolekayo.

17 'Yehova ulilungisa
Zonk' indlela Zake
Zabe zinayo zinenceba
Zonk' izenzo Zake.

18 U-Yehova usondele
Kuba nquli Bake
Abo bonke bamnqulayo
Ngayo inyaniso.

19 Wenz' okukolekileyo,
Kwaba moyikayo,
Akubeua bezibika
Uyaba sindisa.

20 'Yehov' u-Nguye umgcini
Wabo bamtandayo;
Enguy' umtshabalalisi
Wabo bangendawo.

21 Indumiso ka Yehova
'Mlom' am ma-uy'tete
'Gama lingcwel' il'bong'e
Wonk' unapakade.

——o——

*Indumiso CXLVI.*

## 146 C.M.

HALELUYA! mpefuml' am
Dumis' u-Yehova:

2 Logama ndidl' ubomi
Ndombong' u-Yehova.
Tix' uhadi ndombetela
Oku ndisekoyo.

3 Nina msan' kukolosa
Ngaba ngamanono;
Kub' oka Adam unyana
Enge-nalusizo

4 Upumil' owek' umoya
Ubuyel' emhlabeni.
Lomini kumhla kotshitsha
Awak' amabongo.

5 Ncedo, lindela ku-Tixo
Unoyolo lowo

6 Ku-Menzi zulu, mhlaba,
Lwandle nento zalo
Kulogcina inyaniso
Kube napakade.

7 Kugweb' alungis' ityala
Labacudiswayo;
Kumpi kudla kubalambi
Mbanjwa akululwe.

8 Ku-Yehov- ovul' amehlo
Abo bazimfama;
Mpakamis' bagobileyo
Mtandi malungisa.

9 Mpambukel' nkedama mhlolo
Gcin' apakamise;
Ndlela yabo bangendawo
Yona ay'petule.

10 U-Yehova ngukumkani
Kube napakade
Kwizizukulwana, Tsiyoni,
Tix' ak' adunyiswe.

3 'Moya wam ude watyâfa
Ngqushu Naw' uyazi,
'Mendweni ndihamba ngawo
Babek' isabata.

4 Kangel' ekunen' ubone,
Andibukwa bani,
Ndimpefuml' ungenandawo
Usabela kuyo.

5 Kungoko ndikala Kuwe,
Hlati lam Yehova,
Usabelo sam ezweni
Labapilileyo.

6 Uk' hlahlamba kwam zintswelo
Kubazel' indlebe,
Kubasukel' ndihlangule
Bandomelelele.

7 'Mpefuml' am entolongwen'
Ndobulel' uw' kupe
Malungis' ajizw' is'tsaba,
Kupatwa kwam kuhle.

---o---

*Indumiso CXLIII.*

## 143 C.M.

YIV' umtandaz' am' Yehova.
Nokutaruzisa ;
Ngenyaniso nokulunga
Wen' undipendule.

2 Ungamsi umkonzi Wako
Em' ematyaleni,
Akuk' uhlel' elilungisa
Pambi Kwako namnye.

3 Kub' umpeful'am utshaba
Luya wusukela,
Kuz' ubom bam lubutyumze
Kwakuwo lomhlaba.

Lundise ndaw' ezimnyama
Pakaden' labafi.

4 Apo kumoya ntliziyo
Zingenwe lutyafo.

5 Ndikumbula ngokucamngca
Mihla yamandulo,
'Misebenzi Yako yonke,
Eye Sak' isandla.

6 Kuwe ke ezam izandla
Ndiyazolulela,
'Mpefumlo ukunxâmele
'Zwe libârileyo.

7 Yehova, nxâm' undipendule,
'Moy' uyapela kum
Mus' ukubusitelisa
Ubuso Bako kum.

Kub' oko ndoba njengabo
Batshone emhadini.

8 Ndiyiv' inceba kwak'sasa
Ndikolose Ngawe.

Endohamba ngay' indlela
Nayo ndiyaziswe,
Ndiwupakamisele Kuwe
Owam umpefumlo.

9 Ez' ntshabeni ndihlangule
Ndizimele Ngawe ;

10 Ndifund' e-Lak' ikolo
Kub' ungu Tixo wam.

Zwen' les'tabazi ndikatshwe
Moy' Ako wok' lunga

11 Yehova, undipilise
Ngokwe gama Lako.

Mbandezelwen' ngob' lungisa
Kuw' umpefuml' am.

12 Ngenceb' Ako zibângiswe
Ezo zam intshaba,

Bonk' ubatshabalalise—
Ndingumkonzi Wako—
Abo babandezelayo
Owam umpefumlo.

---o---

*Indumiso CXLIV.*

## 144 C.M.

MAKABONGWE u-Yehova
Uliwa lam,
Ozandla zam nayo iminwe
Uz' fundis' ukulwa.

2 Unceba, mboniselo yam
Ungxonde, msindisi,
Ungweletshetshe yam, mna lo
Ndizifihla Kuye.

12 Kwa ubumnyam' obu Kuwe
Abungebi mnyama
Bubusuku obumhlope
Kukanya kwemini.

13 Kwesikama isizalo
Ndabunjwa ndafihlwa,
14 Ngokubalulekileyo
Wandenza ndoyikwa.

Ndizibulela ngak' oko
Ezi zenzo Zako,
Zibalulek' ukwaziwa
Ngowam umpefumlo.

15 Kuw' ayengagushekile
Amatambo ami,
Mna ndenzelw' entsitelweni
Ndaba mfakamfele.

16 Andibon' amehlo Ako
Mna ndiseyimbumba
Zazibalw' encwadin' Ako
Mini zam zipela,

Ngapambili zaziyilwe
Nanye kuzo iko.
17 Kum zinjanin' ukunqaba
Ingcinga zo Tixo,

Asilinganiswa nanto
Isimbuku sazo.
18 'Ndingati ndizibalile
Zigqit' intlabati.

Ndoti xana ndakuvuka
Ndoba ndise Nawe.
19 Wang' ungati umbulale
Ongendawo, Tixo.

Nina madod' amagazi,
Sukani kum nonke,
20 Bakankanyi 'nkohlakalo
Ngamayelenq' abo.

21 Andina kubatiya-na
Abakutiyayo ?
Basukeli bo-Yehova
Mna bandiruqule.

22 Ngepeliseley' intiyo
Ndibatiye kanye,
Kangangokude mna kum
Babe bazintshaba.

23 Gocagoc' uyazi, Tixo,
Eyam intliziyo
Undicikide uzazi
Ingcinga ngcinga zam.

24 Ubon' uk' ba kum kuko-na
Indlela yobubi,
Undikapele kwindlela
Engunapakade.

—o—

*Indumiso CXL.*

## 140 C.M.

UNDIHLANGULE, Yehova,
Kwisintu sobubi,
Emntwin' undilondoloze
Ongonyamelayo ;

2 Abo bacinga okubi
Ngentliziyo zabo,
Emihleni yabo yonke
Baxàya imfazwe.

3 Balola ulwimi lwabo,
Bafana nenyoka,
Ubuhlungu bal' iramba
Bukowal' umlomo.

4 Ezandleni zongendawo
Ndigcine, Yehova,
Undilondoloz' emntwini
Ogonyamelayo.

Nocing' ukukùbekisa
Ezami inyawo.
5 Ndiqushekelw' isibata
Ngabo baneratshi.

Mnat' ecaleni kwendlela
Bawanekele mna,
Kanti nangay' imigibe
Bakwa nditiyele.

6 Nditi Kuye u-Yehova,
Ungowam u-Tixo
Beka indlebe, Yehova,
Kwesam isikungo.

7 Yehova Nkosi yam, nqaba
Endisindisayo,
'Ntloko yam yigqubutele
Ngemini yeduli.

10 Kumbulali ma-Yiputa
'Mazibulo awo,
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

11 Wawakup' ama-Sirayel'
Apakati kwawo :
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

12 Ngesandla Sak' esite-nqi
Eyolul' ingalo:
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

13 Kulomgabuli wolwandle
Ol'bomvu lwegabu:
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

14 'Ma-Sirayel' wawaweza
Sazulwini salo:
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

15 Lwandl' Olbomvu labaginya
'Faro nempi yake:
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

16 Entlang' uhambis' Abake,
Unceb' ipakade,
17 Kumkan' ebabulalela :
Unceb' ipakade.

18 Ezibulal' ingangamsha:
Unceb' ipakade:
19 Kumkan' we Amor' u-Sihon :
Unceb' ipakade.

20 Kumkan' we Bashan u-Ogi :
Unceb' ipakade:
21 Wal'nik' ilif' izwe labo :
Unceb' ipakade.

22 Lifa kumkonz' Ak' u-S'rayel' :
Unceb' ipakade :
23 Ebupantsin' wasikumbula :
Unceb' ipakade.

24 Kwaba besibandezela
Kubo was' hlangula:
Ngokub' ingunapakade
Eyake inceba.

25 Uyinik' ukudla yonke
Int' epilileyo.
26 Tixo wezul' mbuleleni :
Unceb' ipakade.

——o——

*Indumiso CXXXVII.*

## 137 C.M.

NGASEMILANJEN' e-Babel'
Xa sasiy' kumbula
I-Tsiyon, sahlala pantsi
Kon' apo salila.

2 Eminculubeni pakati
Sazixom' ihadi,
3 Bon' abatimbi bes' biza
Izango zengoma.

Abatutumbisi betu
Basibiz' uvuyo,
Besiti : Sivumeleni
Ngoma yase Tsiyon.

4 Singatinin' ukuvuma
Ngoma ka-Yehova
Elixa sisemhlabeni
Wolunye uhlanga.

5 'Yerusalem ukuba ndite
Mna ndakulibala,
Isandla sam sokunene
Masinyele sona.

6 'Lwimi lwam lunamatele
'Makuhlangubeni
Ukuba mna andibanga
Ngokukumbulayo.

Ndingatanga ndiyinyuse
I-Yerusaleme,
Ibe ngapezu kwayo yonke
Imivuyo yami.

7 Nyana bo Edom, Yehova
Uzubakumbule,
Abati mhla we Yerus'lem,
Nqikan' neziseko.

8 Ntombi wen' engu Babeli
Ungonyashiweyo,
Mpindezeli ak'buyekeze
Ngok' sipata kwako.

5 E-Frata sauva ukona
Kwiz' tili ze Yarim,
7 Masiwungene umnquba
Sinqul' u-Yehova

8 Yehova, kawusukume
Ko-Kwak' ukupumla,
Az' abeko kulomkombe
Awako amandla.

9 Abenzeleleli Bako
Bambat' ub' lungisa,
10 Davide umtanjisw' Ako
Angamtyal' umkonzi.

11 Inyaniso wamfungela
Yehov' u-Davide,
Ngokuma kwe-trone yake
Kulont' ungejike

Wati : Owomisw' etroneni
Woba nzala yako,
12 Uk' ba bat' onyana bako
Mnqopis' Am baw' gcina,

Nas' e-Sam isinqiniso
End' bafundisayo,
Boti bahlale etroneni
Nab' onyana babo.

13 Kuba uyinyul' i-Tsiyon
Yalikaya Kuye,
Wati, 'Ndawo Yam ilapa,
'Ntlalo ngokunqwena.

15 'Ntsikelelo yompak' ayo
Ndoyenza kunene,
Mahlwemp' ay' ohlutiswa
Ngak' okusisonka.

16 'Benzeleli bambatiswe
Ngalo usindiso,
Bot' abayo abenceba
Benz' umemelelo.

17 Ndakumhlumisel' upondo
Yena u-Davide;
Ndakumlungisel' is'bane
Owam umtanjiswa.

18 Ndoza mbatisa udano
Ezake intshaba,
Kotyatyamba pezu kwake
Esak' isitsaba.

*Indumiso CXXXIII.*

## 133 C.M.

UKUBAKUHLE kuboneni
Nokufaneleka
Xa bahlal' abazalwana
Bebanye ngomxelo!

2 Inje nge-oy'l yentlok' ehla
Nendev' z' ka Arone,
Iye emqukumbelweni
Waz' ingubo zake.

3 Nje ngombete we-Hermon ohla
Kwintaba ze-Tsiyon:
Usikelel' ap' u-Yehova
Ubom bapakade.

—o—

*Indumiso. CXXXIV.*

## 134 C.M.

BONAN'! mabongw' u-Yehova
Nonke bamkonzayo
Naseb' suku ningabema
'Ndlwini ka Yehova.

2 Zandla zenu engcweleni
Zipakam' abongwe;
3 'Yehov' asikelel' e-Tsiyon,
Menzi-zulu-mhlaba.

—o—

*Indumiso CXXXV.*

## 135 C.M.

DUMISANI u-Yehova,
Igama Lake
Abakonzi bo Yehova
Badumise lona.

2 'Bemi ndlwini ka Yehova,
Zintendelezweni,
Zendlu enendili Yake,
Yo-Tixo ongowetu.

3 Dumisani u-Yehova
Kuba elungile,
Libeteleni uhadi
Elake igama.

4 Yehova, ok' lungileyo
Kwenze kumalunga,
Kwa nakwabo bate-tye
'Ntliziyweni zabo.

5 Abandlela zimagoso
Bemkise, Yehova,
Kwanabenzi bobutshinga,
Ku-S'rayeli uxolo.

——o——

*Indumiso CXXVI.*

**126** C.M.

EBABUYIS' u-Yehova
Abo babuyayo,
Bengase Tsiyon-nje
Sanga siyapupa.

2 Wazala kuhlek' umlomo
'Lwim' umemelelo,
Bati ez'ntlangen' wenza
Kukul' u-Yehova.

3 U-Yehova usenzele
Into ezinkulu,
Ukuze sibe ngabo-nje,
Abo bavuyayo.

4 Buyis' abakuti, Yehova,
Abatinjiweyo
Njengemilambo yamanzi
Ekwelase Zantsi.

5 Ngenyembezi bahlwayela
Kanti bakuvuna,
Bay' ko bengayenza
Ngokumemelela.

——

6 Ohamba hamb' elila
Epet' intlwayelo,
Ubuya ememelela
Etwel' izitungu.

——o——

*Indumiso CXXVII.*

**127** C.M.

ABAKI bayazapula
X' u-Yehov' engeko,
'Mgcini wendl' uyazixàmla
'Yehov' engemgcini.

2 Fumana nivuka k'sasa,
Nise kubusuku,
Nodl' esenxamlek' isonka:
'Ntanda Yak' ilele.

3 U-Yehova unesiqamo
Esiba lil' lifa,
Ngokupa londlu onyana
Babe yiy' inzala.

4 Boba njengaz' intolo
Esandleni segora,
Abangaba kuyo londlu
Yobaw' ubutsha.

5 'Mpongol' ozalise ngabo
Kulomfo luyolo,
Kumasang' entshaba zabo
'Nkwantyo kub' aluko.

——o——

*Indumiso CXXVIII.*

**128** C.M.

ABOYIKA u-Yehova
Banoyolo bonke,
Kuba bengab' abahamba
Ngaz' indlela Zake.

2 'Ntsebenzo yezandla zako
Inene woyitya,
Kwabe kwakulunga kuwe
Ube ngonoyolo.

3 Njengomdiliy' oqàmayo
Woba njal' umkako,
Ngapakat' endlwini yako
Ubone onyana.

4 Babe zitòle zomnquma
Es'tebeni sako:
Yehov' uyamsikelela
Low' umoyikayo.

5 E-Tsiyon' u-Yehova
Makak' sikelele,
E-Yerus'lem ube nenyweba
'Mihla yako yonke.

6 Abantwana babantwana
Ubabon' abako,
Ize nakwa Sirayeli
Lubeko uxolo.

175 'Mpefumlo wam mawupile
Udumise Wena,
Aze namasiko Ako
Nawo andincede.

176 'Mkonz' Ako ek' lahlekeni
Kwemvu eya imka,
Mfune, kub' engay' libali
Imiteto Yako.

——o——

*Indumiso CXX.*

## 120 L.M.

NDIKWINGXINGONGO ndakala
Wandiv' u-Yehova.
2 Ndati, Hlangul' umpefumlo
Kumlom' oxokayo.

3 Akunike ntoni, wena?
Akongeze ngantoni,
Wena-ke lulwimi ndini
Olunenkohliso?

4 'Ntol' ezitsolo zegora
Namalahl' evuta.
5 Ndimpambukeli kwa Meshek
Ati-k' umntu ondim!

6 Kwa-Kedar' mpefuml' uhleli
Nabatiyi xolo.
7 Kuba mna ndingowoxolo
Benyukana nam.

——o——

*Indumiso CXXI.*

## 121 C.M.

NDIPAKAMISEL' ez' ntabeni
Angawam amehlo;
Luyakuvel' pi kodwa
Olwamu uncedo?

2 Yehova, Kuwe u-Menzi
Wezulu nomhlaba.
3 'Nyawo lwako ungel' nikeli
Ek'tyubilikeni.

4 'Mgcini wako akak' ozele
Ku S'rayel' ngumgcini;
Uyabona, akozeli
Waye engalali.

5 Ngu Yehov' umgcini wako
Kwesok' nen' umtunzi;
6 'Lang' emini, 'nyang' eb'suku
Akukwenzakala.

7 'Bubini bonk' u-Yehova
Yena wokugcina,
Way' owak' umpefumlo
Eya kuwugcina.

8 'Yehov' ukupuma kwako
Kwanak' ukungena
Kususel' ok' wokugcina
Kuy' epakadeni.

——o——

*Indumiso CXXII.*

## 122 C.M.

NDAVUYA bakuti kumi,
Masihambe siye
Kuwo amasango endlu
Eye ka Yehova.

2 'Nyawo zetu zaf'ka zema
'Masang' e-Yerus'lem:
3 'Yerus'lem wakiwe wena
Wamzi mny' ubumbene.

4 Ap' izizwe zo-Yehova
Z'nyuka ziye kona,
Linqînwe Kwa s'rayel' ìgama
Libulelwa zizo.

5 Kuba kon'apo kumiswe
Itron' zokugweba,
Yaye-ke nayo lo trone
Iyeka Davide

6 Celelan' i-Yerusalem
Uxol' ibe nalo,
'Cûlumaco lube kubo
Abakutandayo.

7 Zindongen' ez'raqileyo
Malube luxolo
Nocûlumac' ez' ngxandeni
Ezo zinde zako.

8 Zizalwanen' nab' owetu
Ndicela uxolo.
9 Ngendlu ka Yehova wetu
Ndofun' ukulunga.

132 Wena-ke kawundibeke
Uz' undibabale,
Njengesiko Lako kade,
Kwabegama Lako.

133 Kuhamba kwam kuqinise
Elizwini Lako
Nabupina ubutshinga
Kum kuswel' igunya.

134 Ekucudiseni komntu
Uz' undikulule.
Ndibe nguy' ozigcinayo
Iz' yalezo Zako.

135 Buso Bako mabukânye
Ngakumkonzi Wako,
Ube ngondifundisayo
'Mimiselo Yako.

136 Mehlo am ayimijelo
Encencez' amanzi
Ngokuba bengawugcini
Umyalelo Wako.

---

137 Yehova, o-Kwako Wena
Ulil' ilungisa,
Nazo izigwebo Zako
Zite-tye kwapela.

138 Uz' mise eb' lungiseni
Iz' nqiniso Zako
Zona zinokutembeka
Okukokukulu.

139 Ndisuke ndazal' ikwêle
Lindibângisile,
Kokulibal' amazwi Ako
Ngababandezeli.

140 Elixa ilizwi Lako
Linyulu kangaka,
Wab' umkonzi Wako yena
Engolitandayo.

141 Ekudelekeni kwami
Kuba ndimncinane
Andizilibali noko,
Iz' yalezo Zako.

142 Bub'lungisa bapakade
Ub' lungisa Bako,
Wabe uyiyo inyaniso
Umyalelo Wako.

143 'Mbandezelo nengcuteko
Zindifumene nje,
Iyandiyolisa yona
Imiteto Yako.

144 Bulungis' iz'nqino Zako
Zase pakadeni,
Ukuze kemna ndipile
Ndiqondise zona.

---

145 'Ntliziyo yam yonk' ikâla
Iti: Ndipendule;
'Mimisel' Ako, Yehova,
Ndiyakuyibamba.

146 Oku kukalela Kuwe
Muna ndisindise,
Ndingoyakut' azigcine
Iz'nqiniso Zako.

147 Ndikupangele nkusa
Ndingozibikayo,
Ndabe ndingolindeleyo
Emazwini Ako.

148 Imilambo yobusuku,
'Mehl' am ay' pângela,
Ukuze ndicamngce ngako
Ukuteta Kwako.

149 Ngokwenceb' Ako yotando
Liv' elam ilizwi,
Ize ngokwamasik' Ako,
Yehova, ndipilise.

150 Abo bazond' amanyala
Basondela bona.
Kodwa emyalweni Wako
Ngaba nyaukileyo.

151 Wena Yehova, akukude
Ungosondeleyo,
Kuba yonke imiteto Yako
Iyeye nyaniso.

152 Ngokwezinqiniso Zako
Kudala ndisazi
Kuba zona zisekeke
Kwanapakade.

88 Ngenceba eyiy' e-Yako
Wena ndipilise
Iz'nyaniso zomlom' Ako
Zona ndizigcine.

---

89 'Lizwi Lako ezulwini
Lisisimakade
Labe lona, O! Yehova,
Lingunapakade.

90 Zivum' izizukulwana
'Kutembeka Kwako
Way' umhlaba uwumise
Wangozinzileyo,

91 Zimel' ezonto nanamhla
Izigwebo Zako
Kuba zonk' ezozinto
Zibakonzi Bako.

92 Kungat' umyalelo Wako
Kum ube luyolo,
Ngendaba ngowapelayo
Kucinezeleka.

93 Andisoze ndaz'libala
Iz'yalezo Zako:
Kuba ngazo ute Wena
Wabang' ukupila.

94 Okokwam ndinguy' o-Wako
Mawundisindise;
Kuba ndingocamangayo
Ngez' yalezo Zako.

95 Balinde abangendawo
Nditshatyalaliswe
Ekuben' okwam ndigqale
Iz' nqiniso Zako.

96 'Nzaliseko ndiy' bonile
Ap' ipela kona
Kodw' umpangalal' obanzi
Ungumteto Wako.

---

97 Hay' ukuwutanda kwami
Umyalelo Wako!
Ngawo imini le yonke
Ndicamngcana nawo.

98 Bulumk' obungapezu
Kobentshaba zami
Ndibufund' emitetwen' Yako
Iyeyam kengoko.

99 'Ngqibo yam igqitisele
Kubafundisi bam,
Kub' iz'qiniso Zako
Ndingumcamngci wazo.

100 Ndinokuqonda okungapezu
Kwengwev' zamadoda,
Kub' iziyalezo Zako
Ndizibamba zona.

101 'Nyawo zam ndizinqandile
Kwezimbi indlela,
Ukuze ilizwi Lako
Ndiligcine lona.

102 Kumasik' Ako andisuki
Kuba undiyalile.

103 'Ntet' Ako imnandi kumi,
Igqite nobusi.

104 Ngazo iz'yalezo Zako
Ndingokuqondayo,
Ndikutiye ngenxa yoko
Konk' okubuxoki.

---

105 Lisiban' ilizwi Lako
Kuz' inyawo zami
Labe likuk' ukânya
Emendweni ami.

106 Ndinguy' okufungeleyo.
Ndaye ndiz'misele,
Ukuzigcin' izigwebo
Zob' lungis' Bako.

107 Ndide ndive kukukulu
Uk'cinezeleka,
Ke Yehova ndipilise
Nge Lako ilizwi.

108 Kuwe, Yehova, ngamana
Wangokolekayo
'Mbingelelo wam wesisa
Lo wowam umlomo.
Ndifundis' amasik' Ako,

109 Lompefuml' am ufuti
Hlal' upetwe esandleni
Myal' ungaw'libali.

*Indumiso CXIX.*

## 119 C.M.

HAY' UYOLO lwabandleḷa
Igqibeleleyo
Ngumyalelo ka-Yehova
Ahamba ngawo.

2 Hay' uyolo lwababambe
'Zinqiniso Zake,
Abamfuna ngentliziyo
Iye peleleyo.

3 'Misebenzi yobugqweta
Abayenzi yona;
Okukokwab' ukuhamba
Kunge Zak' indlela.

4 Ezako iziyalezo
Wen' uzimisile,
Ukuba yonk' inyameko
Ngayo zigcinwe.

5 Azaba ezam indlela
Bezibekiselwe,
Ekutin' imimiselo
Yake ndiyigcine!

6 Bendingayi kuti ngoko
Ndibe nokudana,
Kuba yonke imiteto
Yako ndiyibeka.

7 Ngay' intliziy' ete-tye
Ndobulela Kuwe;
Ngokuti kwam ndizifunde
Zinqwelo zelunga,

---

8 'Mimiselo eye Yako
Ndiya kuyigcina
Musa Wen' okuko Kwako
Undishiye mpela.

9 'Mendo wake ongumfana
Wotin' uk' qaqamba?
Woba ngot' ukuzigcina
Kube ngezwi Lako.

10 Ngentliziyo yami yonke,
Wena ndokufuna,
Ungandilahlekanisi
Nemiteto Yako.

11 Imiteto Yako ndiyibeke
Entliziyweni yam,
Ukuze Kuwe ndingaze
Ndibe ngokonayo.

12 Wena Yehova u-Nguye
Ongowokubongwa,
Ke mna kaundifundise
'Mimiselo Yako.

13 Ngemilebe yomlomo wam
Ndakuwabalisa
Konk' okungaw' amasiko
Owak' umlomo.

14 Kwindlel' ezinqino Zako
Ndibe nemihlali,
Kwanako konk' okungati
Kusebutyebini.

15 Ezako iziyalezo
Ndakucamgca ngazo,
Ndiz' umendo ongo Wako
Ndib' ngow' bekayo.

16 Ngay' imimiselo Yako
Ndiya ziyolisa,
Ize nal' ilizwi Lako
Ndingalilibali.

---

17 'Mkonzi Wako mpate kuhle
Ndibe ngodla ubomi,
Ilizwi Lako ndibe nguye
Oya kuligcina.

18 'Misebenz' yobaluleko
Amehlo ndivule.
Eyo Wako umyalelo
Ukuba ndiy' bone.

19 Ndinguye ap' emhlabeni
Ongumpambukeli,
Kum-ke imiteto Yako
May' ngandisiteli.

20 'Mpefuml' am ucumkile
Kulangazelela,
Okungamasiko Ako
Onke amaxesha.

21 Abanga bakůkůmali
Ubakålimele,
Balahlekani nemiteto
Baqalekiswe.

*Indumiso CXVI.*

## 116 C.M.

NDIMTANDA u-Yehova kuba
'Mtandaz' am ewuva
2 Bonk' ubomi bam ndamnqula
Ngok' tob' indleb' Ake

3 Ntambo zok'fa zandibopa,
Nenzingo zabafi,
'Mbandezelo nesinqåla
Konk' oku pezu kwam.

4 Igama lika Yehova
Ndalinqula, ndati :
Yehova, ndiya kukunga,
Siza umpefuml' am.

5 'Yehova, mbabali, lunga,
'Tix' onemfesane,
6 Umgcini wabazidenge
Ndiswele ndasizwa.

7 Wena mpefuml' am, buyela
Kupumleni kwako ;
Ngokuba-ke u-Yehova
Ukupata kuhle.

8 Uwuhlangul' umpefumlo
Wami ekufeni ;
Ezinyembezini iliso
Nyaw' ek'ngqulekeni.

9 'Mazwen' ok'pila ndohamba
Pambi ko Yehova ;
10 Ndinenkolo mna ndoteta,
Ndicinezekile.

11 Bupakupakwini ndati,
Ngamaxok' abantu,
12 Mbuyisel' epi ku-Yehova
Kwimpat' entle Yake ?

13 Ndopakamis' indebe
Yalo usindiso ;
Ndinqule kulo igama
Elo lo Yehova.

14 Ku Yehova ndozalisa
Izibåmbåtiso.
Ewe pambi kwabo bonke
Bangabantu Bake.

15 Kunqabile ku Yehova
'Kufa kwabo Bake.
16 Au,' Yehova, ndimkonz' Ako
Nyan' omkonzazana

Mbopelelo ezo zami
Uzicombulule.
17 'Mbingelelo ndow'sondeza
Ube ngumbulelo.

'Gama elika Yehova
Lona ndilinqule,
18 Kuwe ndiya kuzizalisa
Izibåmbåtiso

Pambi kwa-Bako bebonke,
19 Ez' ntendelezweni
'Ndlwin' e-Yerus'lem pakati,
Ndenz' u-Haleluya.

——o——

*Indumiso CXVII.*

## 117 C.M.

MDUMISENI u-Yehova,
Nonke nizintlanga,
'Ze baziz' izizwe nonke,
Nimuncome Yena

2 Kuba kuti inamandla
Eyake inceba,
Unyaniso esigxina :
Mabongw' u-Yehova.

——o——

*Indumiso CXVIII.*

## 118 C.M.

BULELANI ku-Yehova
Kuba elungile;
Yabe ingunapakade
Eyake inceba.

2 Mauti Sirayel' lenceba
Ingunapakade ;
3 Yiti ndlu ka-Aron-lenceba
Ingunapakade.

4 Boyik' u-Yehova bati,
Ingunapakade.
5 Nam ndambiz' u-Yehova
Ndisengxingongweni,

Boba ngqiq' ilungileyo
Bonk' abenza ngako,
Nendumiso eye Yake
Yon' isimakade.

—o—

*Indumiso CXII.*

## 112 C.M.

HALELUYA ! Hay' uyolo
Lomnt' omoyikayo,
'Mitet' ayinonelele,
Low' ongu Yehova.

2 'Mbewu yake emhlabeni
Yoba ngamagora ;
Sizukulu sabate tye
Sosikeleleka.

3 Butyebi endlwini yake
Boba bubuncwane,
Nob' lungis' obubo bake
Bakuhlala bumi.

4 Bokanyiselw' abate tye,
'Bumnyamen' bakutshwe,
Kumfesane nobabalo
Nob' lungisa kubo.

5 'Mnt' ubabal' aboleke
Hay' uyolo lwake,
'Nteto yak' ematyaleni,
Uya kuyimisa,

6 Akakuk' ashukunyiswe
Napakade kona,
Woba lunga lokunyulwa
Ngokwa napakade.

7 Yen' akayikoyikiswa
Nazindab' ezimbi ;
Kub' enkol' iqiniseke
Ngay' u-Yehova.

8 'Ntliziy' ake ayoyiki
Izimasekile,
Woba bonele ekude
Ababandezeli.

9 Wohlakaza ukubapa
Abanga mahlwempu,
Bab' ubulungisa bake
Bakuhlala bumi.

Lupakame lwanozuko
Olwake upondo.

10 Akubona ongendawo
Wosuka aqumbe,

Wotshixiza ngamazinyo
Suk' anyibilike ;
Wab' uya kudak' umnqweno
Walow' ungendawo.

—o—

*Indumiso CXIII.*

## 113 C.M.

HALELUYA ! Dumisani
Bakonz' u-Yehova,
Elika Yehov' igama
Lelo kudunyiswa.

2 Elika Yehov' igama
Lona malibongwe,
Oku kususele ngoku
Kus' epakadeni.

3 Kwase kupumen' ilanga
Kus' ekutshoneni,
Elika Yehov' igama
Lidunyiswe lona.

4 'Yehova upakamile
Pez' kwentlanga zonke,
No-Bak' ubuqaqawuli
Bongamel' izulu.

5 Upin' onjengo-Yehova
Ongu Tixo wetu ?

6 Oh' ehleli pezulu
Ab' ondel' umhlaba.

7 Ulomvusa el'tulwini
Lowo usweleyo,
Iz' ihlwempu ezaleni
Alipakamise.

8 Al'hlalise namanene
Angabantu Bake,
Mfaz' oludlol' amvuyise
Ngokump' abantwana.

Ekubeni ndibatanda
Bona banditiya.

6 Ongendawo no Satana
Mabe mvelel' ake.

7 'Tyala lake nongendawo
Mapum' egwetyiwe
Owenzayo umtandazo,
Ubalelw' isono.

8 Buveleli abe bubo
Bube bobawumbi,
Ayikucutelwe imihla,
Inqanyulwe mbalwa.

9 Mabe zinkedam' onyana,
'Mkak' abe mhlolokaz';

10 Babàdul' ezwen' onyana
Behamba benqiba.

11 Aboleke kub' imali
Bamdle konk' anako,
Nabasemzin' bampange
'Kuxelenga kwake.

12 Moluleli sandl' amswele
Omenzel' inceba;
Nombabali angabiko
Kwinkedama zake.

13 Zivelamv' embewin' ake
Zinqunyulwe mpela,
Licime igama lazo
Kwizizukulwana.

14 Abukumbul' u-Yehova
Oboyis' ubugwenxa;
'Sono sonina singaze
Naso ukucinywa.

15 Sibe pambi ko-Yehova
Ngamaxesha onke,
Inqunyulwe emhlabeni,
Inkumbulo ngabo.

16 Kub' ukwenza ngay' inceba
Akakunanzanga:
'Ndod' el' sizi, tvumko-hlwempu
'Bulel' etshutshisa.

17 Watand' ukuqalekiswa
Eshwatyulelwa nje;
Ukusikelela akakufuna,
Namhla kumkwelele.

18 Ngqalekiso zimambete
Yayingubo yake,
'Mbilinini zingamanzi
Za-oli, matanjen'.

19 Makube yingubo kuye
Az' te wambu ngayo:
Noqwèmesh' al'nxibileyo
Amaxesha onke.

20 'Mvuzo waba nguwo lowo
Wabandicàsayo,
Bendinyelis' umpefumlo,
Woza ngo-Yehova.

21 Wena Nkos' engu-Yehova
Ngokwe gama Lako,
Yenz' ukubànga kwenceba
Ukundihlangula.

22 Ngokuba ndilusizana
Elilil' ihlwempu,
'Ntliziyo yam ihlatyiwe
Ngapakati kwami.

23 Ngokoluka kwal' itunzi,
Ndimka ngokunjalo.
Ndinje ngay' opetshetwayo
Kanye okwe nkumbi.

24 Amandla ami ayahexa.
Kukuzil' ukudla;
'Nyama yami ibityile,
Yahlutw' ukutyeba.

25 Ndibe singcikivo sabo
Bangavani nami,
Abate bakundibona
Bahlunguz' intloko.

26 Yehova, nced' undisize
Ngokwenceba Yako,
'Ze basaz' isandla Sako
Nakukwenza Kwako.

27 Aba beqalekisa nje
Sikelela Wena;
Bakusukuma badane
Mkonz' Ak' abevuya.

29 Bakulambata ihlazo
Abandicàsayo,
Ukudana kubengubo
Yokwaleka kubo.

12 Ngobunzima basebenza
Betotyw' intliziyo,
Akwabiko bakubėka
Ubancedisayo.

13 Ku-Yehova-ke bakàla
Bekulongxinano,
Wabasindisa-ke bona
Ku cuteko lwabo

14 Emnyameni wabakupa
Kwelokuf' itunzi
'Mbopelelo waziqàula
Zezo zirintyelo.

15 Mabulelw' u-Yehova
Ngokwenceba Zake,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala ka-Adam.

16 Kuba ezapul' ingcango
Ezobėdu zona,
Wayixakax' imivalo
Leyo yesinyiti.

12 Ngenxa yokureqa kwabo
Abamatileyo,
Bebangelwa nabugwenxa
Bacinezeleka.

18 Kwaba lisikiz' ukudla
Kumpefumlo wabo;
Emasangweni okufa
Bafikile kuwo.

19 Ku-Yehova-ke bakàla
Bekwimbandezelo,
Wabasindisa ke Yena
Kolo lucuteko.

20 Watumela izwi Lake
Bapiliswa lilo,
Kwati kwizihogo zabo
Waba lusindiso.

21 Mababulel' u-Yehova
Ngokwenceba Yake,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala ka Adam.

22 Babingele imibingelo
Yawo umbulelo,
Bancokole ngezo zenzo
Benz' umemelelo.

23 Bay' elwandle ngenqanawa
Benz' amashishini
24 Apo babon' izimanga
Ezenz'we ngu-Tixo.

25 Wavuk' umoya ngamandla
Apakam' amaza,
26 Banyuselw' ezulwini
Bepindisw' ezantsi.

'Nzonzobileni zamanzi
'Mpefumlo woyika,
Bati ngenxa yobo bubi
'Mandla abo etă.

27 Bahexis' okwenxila,
Bulumko bapela,
28 Ku Yehova-ke bakála,
Wabakúpa Yena.

29 Kuvutuza wakumisa
Kwaza kwati-cwaka.
30 Kudamba kwawo bavuya
Bafik' ecwėbeni.

31 Mababulel' u-Yehova
Ngokwenceba Yake,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala ka Adam.

32 Bampakamis' ebandleni,
'Mbutweni yabantu,
Aze Yena adunyiswe
'Madod' amakulu

33 Uyenz' imilambo yaba
Zindaw' ezintlango,
Namatend' amanzi aba
'Mhlaba unxanwayo.

34 Izw' ebelineziqàmo
Laba leletyuwa,
Bububi bazo izinto
Zabamiyo kulo.

35 Uyenze intlango yaba
Lidike lamanzi;
Ilizwe elimqwebedu,
Lamatend' amanzi.

36 Wabahlalisa kon' apo
Abalambileyo,
Bazimisel' umzi kona
Wokuhlala kwabo.

9 Walukalimela lona
U-Lwandl' Olubomvu,
Kwinzongonzongo bahamba
Kwanga kusentlango.

10 Basindiswa, bakululwa
'Sandleni somtiyi,
11 'Ntshab' amanz' az' gubungela
Akwasala namnye.

12 Bakolwa ngamazwi Ake
Bay' vum' indumiso;
13 Kanti bohla balibale
'Zenzo namacebo.

14 Besentlango bakânuka
Bemling' enkangala.
15 Ebanik' abebek' biza
'Mpefuml' awatyeba

16 Bammonela u-Mosesi,
Kuyo iminquba
Kwane ngcwel' engu-Aroni
Leyo ka-Yehova.

17 Suk' umhlaba wavuleka
Wamginya u-Datan,
Waliselela ibandla.
Elika Abiram.

18 Amalangatye omlilo
Kul' ibandla elo,
Alenyeza alitshisa
Abo bangendawo.

19 E-Horebe benz' itole,
Langumfanekiso,
Okutyidiwey' ukuze
Baqubude kuko.

20 Balushiy' uzuko lwabo
Ngokulwananisa,
Nento emilis' inkomo,
Leyo itya incâ.

21 Umsindisi wab' u-Tixo
Yena bamlibala,
Nokukul' awakwenzayo
Besese Yiputa;

22 Misebenz' yobaluleko
Ezweni lika Ham'
'Misebenz' eyoyikekayo.
Elwandl' Olubomvu

23 Ngenxa yoko wati, Uya
Kubatshabalalisa,
Kok' umtunyw'. Ak' u-Moses
Wesukayo wema.

Kwisituba es' pakati.
Ecela itaru,
'Bushushu Bake bubuye,
Bangatshabalali.

24 Balicekisa ilizwe,
Elokunqwenelwa,
Kwanokuti izwi Lake
Bangalikolelwa.

25 Barora ezintenteni
Kwezo zize zabo,
Kwanezwi lika Yehova,
Abalipulapula.

26 Ngenxa yak' isandla Sake
Wasipakamisa,
Wazimisel' ukuba wisa
Kwelo liyintlango.

27 Mbewu yabo ayiwise
Pakati kwentlanga
Yona ayicitacite
Kuwo lomazwana.

28 Bona bezibandakanya
No-Bahalpehore
Badla imibingelelo,
Yabant' abafayo.

29 Ntlondi zabo zaqumbisa
Bawelwa sibeto;
30 Wesuk' u-Pinehas wema
Satintelw' isibeto.

30 Kwati oko kwabalelwa
Ebulungiseni;
31 Kuzo izizukulwana
Kus' epakadeni.

32 Bamqumbisa emanzini
Awase Meriba,
Kwehl' ububi ku-Moses
Kwakungenxa yabo.

33 Ngokuba bawupikisa
Owake umoya,
Woda wapololoza
Ongowak' umlomo.

8 'Mnqopisw' Ake uw'kumbula
Kus' epakadeni,
'Zizukulu zamawaka
Lim' e-Lak' ilizwi.

9 Awanqopisa ku-Abraham,
Wafungel' u-Isake
10 Yasimiso ku-Yakobi
Nembew' engu-Sirayel.

11 Wati: Ndikunik' elizwe
Elo lakwa Kanan'
Libe licandelo kuwe
Elilifa kuni.

12 Bembalw' ubupambukeli
Bebancinc' inani
13 Kwintlanga-ntlanga bahlala,
Nekumkan' ngekumkan.'

14 Akavuma bacudiswe
Ezohlway' inkosi
15 Eti: Ningacukumisi
Abo batanjiswa.

Baprofet' aba bam msani
Kubapata kubi.
16 Akubiza yez' indlala
Yalambat' ilizwe.

Msimelelo osisonka
Wawapula kulo.
17 Noko ke ube watuma
'Ndoda pambi kwako.

Ongu-Yosef' watengiswa
Waba likoboka,
18 Ube nyaw' zacinezelwa
Ngamakamandela;

'Mpefumlo wake walala
Pantsi kwe sinyiti.
19 Kude kwaba lil' ixesha
Lokufika kwezwi.

Yat' inteto ka Yehova
Yamnyibilikisa:
20 Ukumkani watumela
Elokukululwa,

Ongu yena mlauli zizwe
Wati mavulelwe
21 Enziw' inkos' kwindlu yake
'Mlauli mfuyo yonke.

22 Abe mteteli makonxwa
Ngokutanda kwake,
Madod' amakul' elake
Kulumk' akufunde.

23 Waya-Yip'ta u-S'rayeli,
Waba mpambukeli
Ew' u-Yakob' elizweni
Elo lika Hami.

24 Wabaqamisa kakulu
Abake abantu,
Wabomeleza ngapezu
Kwaba bandezeli.

25 'Ntliziyo zabo wazijika
Zabatiy' a-Bake,
Banga baqàtaniseli
Babakonzi Bake.

26 U-Mosesi wamtumela
Wangu mkonzi Wake,
Waza no Aron wamtuma,
Wangumnyulwa Wake.

27 'Ndaw' eziyimiqondiso
Bazenzela kubo,
Zaza izimanga Zake
Zenziwa kwel' ka Ham.

28 Watumela ubumnyama
Benz' istokotoko;
Mazwi Ake banqatyelwa
Kupik'sana nawo.

29 'Manz' abo wawaguqula
As' kaba ligazi,
Waza ke wazibulala
Zonk' ezab' intlanzi,

30 Amasel' anyakazela
Elizweni labo
Kwingontsi-ngontsi zemida,
Yekomkulu labo.

31 Nezibawu wazibiza
Zaza ke zafika,
Ngcongconi zaba zintwala
Kuyo yonk' imida.

32 Awabanika kay' imvula
Ibe yesicoto.
Waz' umlilo walenyeza
Elizweni labo.

21 Mbongen' u-Yehova noŋke
Mikos' eye-Yake,
Balungiseleli Bake
Benzi ntando Yake.

22 Nina zenzo Zake zonke,
Mbongen' u-Yehova;
Kwezobukum'kan' indawo,
Mabongw' u-Yehova.

—o—

*Indumiso CIV.*

## 104 C.M.

MPEFUMLO, mbong' u-Yehova
Tix' wam omkulu
Ulombat' ukundileka
Nobungangamela.

2 Ukukany' uyakwambata
Kub' ngubo Yake,
Ngu-mazulu wawaneka
Amkusan' uy' ntete.

3 Imiqad' isemanzini
Kwigumb' el'pezulu,
'Maf' uwenz' abe zinqwelo,
Moy' ube mapiko.

4 Umenzi way' imimoya
Izitunywa Zake;
Kwanemilil' elenyayo
Imlungiselele.

5 Ngazo izimis' umhlaba
Wazinziswa Nguye,
Kude kube napakade
Ungashukunyiswa.

6 Ngamanzi anzongonzongo
Wawagubungela;
'Manz' amisw' okwesambato
Epezu kwentaba.

7 Ekukalimeni Kwako
Asuka asaba,
Ngezwi lendudumo Yako
Buputuputw' emka.

8 Suka kwenyuka intaba,
Izihlambo zehla,
'Manzi kulondawo aya
Amiselwe yona.

9 Wawamisela umda
Az' angawugqiti,
Aze angabuy' umhlaba
Awugubungele.

10 Ngulotuma imitombo
Iy' ezihlanjeni,
Yabe nokuhamba kwayo
Isezintabeni.

11 'Nyamakazi zonke endle
Ziziseza kuyo,
Nama-esile asendle
Aqabul' inxano.

12 Pezu kwayo ke kuhlala
Nezezul' intaka,
Emasebeni zimana
Zitsholo-tsholoza.

13 Kumagumb' Ake pezulu
Useza nentaba;
Nomhlab' uhluta ziqamo
Zezo zenzo Zako.

14 'Nkomo zintshuliselw' utyan'
Neyomnt' imifuno,
Ngokunjalo ke kupume
Sonk' esisidlayo.

15 Ize nentliziyo yomntu
Ivuye yiwayin'
'Buso bukaziml' i-oli
Exaswa sisonka.

16 Imisedar' ka Yehova
Awayityalayo,
Lomiti ye Lebanone
Nguy' oy'hlutisayo.

17 Emisipresin' ingwamza
Zizakela kuyo
18 Ngamagogo ez' ntabeni,
Emawen' imbila.

19 'Nyang' uzenzel' amaxesha,
Lakutshon' ilanga,
20 Eb' suku ibe bumnyama
Maramncw' ashukume

21 'Ngonyam' ezintsha zigqume,
Zizond' ukuqwenga
Zabe ngak' oko zifuna
Ku-Tixo ukudla.

8 'Miso yonke ndobângisa
'Bangendaw' belizwe:
'Mzin' ka-Yehova ndonqumla
Abenza ububi.

——o——

*Indumiso CII.*

**102** C.M.

UMTANDAZO wam, Yehova,
Mawuviwe Nguwe.
Kut' okwam ukuzibika
Kukufikelele.

2 Mus' ukubusitelisa
Kum o-Bak' ubuso;
'Mini yokubandezelwa
Nditobel' indlebe.

Mhla ndidanduluka ngawo,
Nxâma ndipendule.
3 Mihl' ipel' okoms' eziko
Matamb' ayavuta.

4 Njengomfuno intliziyo
Ibetwe kukoma;
Sendinguy' olibeleyo
Nokudla isonka.

5 Amatambo kokugcuma
Atshel' enyameni,
6 Ndinje ngencwangub' entlango.
Nes' kov' enxuweni.

7 Njengentaka andilali
Eyodwa pez' kwendlu,
8 Ndingcikivwa yonk' imini
Nditukwa zintshaba.

9 Ndimnt' usonka silututu,
Ndingosel' iz' lilo,
10 Ngenxa yobâbâmo Lwako,
Noburalarume.

Ngokukundifunqula Kwako
Ubuy' undilahle;
11 Yoluk' okwetunz' imihla
Njengomfuno yome.

12 Wen' uhleli-ke, Yehova,
Kwakunapakade
Yabe iya kwizizukulwana,
Inkumbuzo Yako.

13 Wosuk' ume ngemfesane
I-Tsiyon uy' pate,
'Xesh' el' misweyo lifike
Uk' ba uy' babale.

14 Akolekil' amaty' ayo,
Kubakonzi Bako,
Lwabe notul' olu lwayo
Benofefe ngalo.

15 Elika Yehov' igama
Loyikwa zintlanga,
Nabo okumkan' bomhlaba
Okubuqaqauli.

16 Ekubeni u-Yehova,
Eyakel' i-Tsiyon,
Ko Bake ubungcwalisa
Nank' ebonakele.

17 Umtandaz' uwubêke'e
Waba cashuluzi,
Akatanga awudele,
Lomtandazo wabo.

18 Sizukulwan' esizayo
Sobâlelwa oko,
Wot' u-Yehova adunyiswe
Ngabaza kudalwa.

19 Kwepezul' indawo 'ngcwele,
Yena uqondele,
U-Yehov' esezulwini,
Umhlab' uwondele.

20 Ukub' ave ukugcuma
Kwaba konxiweyo,
Ze nonyana bak' ukufa
Bazuz' ukululo.

21 Ngegama lika Yehova
Bancokol' e-Tsiyon,
Nango Kwal' ukudumisa
E-Yerusalemu,

22 Xa izizwe ndaweni nye
Zibutelen' kona,
Zab' izikumkani zonke
Zikonz' u-Yehova.

23 'Mandi' atotyiw' endleleni,
Uyinquml' imihl' am.
24 Tixo, mihlen' yam nditi,
Mus' ukundisusa.

3 Okuhamba pambi kwake
Ngumlil' otshisayo
Ubalenya ngenxa zonke
Ababandezeli.

4 Imiban' yak' ikanyisa
Elo limiweyo,
Uyakubon' ok' umhlaba
Uzibijabije.

5 Pambi ko-Yehov' intaba
Ziyanyibilika
Zibe njengaw' umtwebeba
Kwi Nkosi yomhlaba

6 Ayabuxel' amazulu
Bulungisa Bake,
'Zuko Lwake zonk' izizwe
Zide zilubone.

7 Abakonzi mifanekiso
Ley' iqingqiweyo,
Beqâyisa ngent' ez' ngento
Badanile bonke.

Kuba bonke abangotixo
Bequbuda Kuye
8 I-Tsiyon' iyev' ivuye,
Kwa Yuda kugcotywe :

Ngenxa yayo imigwebo
Yako, O ! Yehova.
9 Kuba pezu komhlaba wonke
Nguw' Osenyangweni.

Yehov' unyuke kunene
Wagqita ko tixo.
10 Nina batandi Yehova.
Kutiyen' okubi.

Ungumgcini mipefumlo
Ya Bake benceba ;
Kwesabangendaw' isandla
Uyak' bahlangula.

11 Likuhlwayelelw' ilunga
Oko kukukanya,
Novuyo bahlwayelelwe
Bantliziyo zintle

12 Ngay' u-Yehova vuyani,
Malungisa ndini,
Nisibulel' is' kumbuzo
Esak' esingcwele.

*Indumiso XCVIII.*

## 98 C.M.

MVUMELENI u-Yehova
Ingoma eyentsha
Kuba wenz' imisebenzi
Ibalulekile.

Simzuzel' isandla Sake
Eso sokunene,
Nay' ingal' Ak' engcwele
Okululoyiso :

2 Ulwazisil' u-Yehova
Usindiso Lwake,
Watyil' emehlwen' entlanga,
'Bulungisa Bake.

3 'Nceba Yak' uyikumbule
Kwindlu ka Sirayel'
Nok' nyanisa no sindiso.
Kwabonw' empelazwe.

4 Dumani ke ku Yehova,
Nina nonke mhlaba,
Memelelan' nitsholoza
Uhadi lubetwa,

5 Mbeteleni u-Yehova
'Uhadi nengoma,
6 Ku kumkan' ngamaxilongo
Nezwi lezigodlo.

7 Malugqume nal' ulwandle
Luzalisekile,
8 Imilamb' ibet' izandla
Ntaba z'memelele.

9 Kuba u-Yehov' esiza
Kuwugweb' umhlaba,
El' miweyo ngob' lungisa,
Izizwe ngok' te-tye.

——o——

*Indumiso XCIX.*

## 99 C.M.

U-YEHOVA ngu-kumkani,
Ziyagungq' izizwe,
Ulohlal' ekerubini
Maushukum' umhlaba.

10 Umtetisi ntlanga zonke
Akayi kohlwaya-na
Ofundis' abantu ukwazi
Akayi kwazi-na ?

11 U-Yehova lo ngumazi
Wezabant' ingcinga
Ukuba azinto yanto,
Ngumpunga kwapela

12 Hayi uyolo lwendoda
Oyitetisayo,
Noti Yehov' uyifundise
Ngowako umyalo.

13 Ukuze uyizolise
Kwezobub' imini !
Aze ongendawo yena
Ambelw' isihogo.

14 Enyaniswen' u-Yehova
Akamlahli 'Bake ;
Babe abelifa Lake,
Engemshiyi Wake.

15 Ngok' isiko lobuyela
Ebulungiseni.
Ze bonk' abantliziyo-ntle
Babe balandeli

16 Owosukela pezulu
Ngami ngubanina,
Amelane nabo abo
Basebenz' ububi ?

17 Angat' u-Yehova abe
Ngoluncedo kumi
'Mpefumlo wam ngew'pelele
Ekutini-cwaka.

18 Ekutini, Nyawo lami
Luyatyibilika :
Inceb' yako O ! Yehova
Yos' ke indixase.

19 Ngcinga-ngcinga ezininzi
Zolwam utingazo
Umpefumlo uyoliswa
'Ntutuzelo Zako

20 Ingade-na iterone
Yolweyeliselo,
Ngommisel' ibamb' ububi
Iqelane Nawe ?

21 Umpefumlo welungisa
Bewuhlanganyela,
Baligweb' igazi lalo
Pez' kok'ba limsulwa.

22 Kanti noko sekunjalo
'Yehov' uyingxonde
Uliliw' owam u-Tixo,
Kulo ndizimele.

23 Ubuyisela pez' kwabo
Ubutshinga babo
Bobang' ebubini babo
Ngo-Yehov' u-Tixo.

——o——

*Indumiso XCV.*

## 95 C.M.

YIZANI simemelele
Kuye u-Yehova,
Masidume koliliwa
Losindiso lwetu

2 Masize sinombulelo
Ebusweni Bake,
Sibe ngabadumisayo
Ngentsholo yengoma.

3 Kub' u-Tixo ngu-Yehova
Eyi-Nkulu Yena,
Pezu kwal' otixo bonke
Unguy' u-Kumkani

4 Amagonts' omhlab' onzulu
Akwe Sak' isandla ;
Kus' encotsheni zentaba
Nazo ziz' e-Lake.

5 Lul' o-Lwak' ulwandle olu
Nguy' owalenzayo
Nowomiley' umhlaba
Wabunjwa kwa Nguye.

6 Yizani ke siguqe
Siqubude Kuye,
Ku-Yehova sizigobe
Engo wet' u-Menzi.

7 Kuba Yen' u-Tixo wetu
Tina ke sibantu,
Bazimvu zesandla Sake
Nokwaluswa Nguye.

2 Ndoti ngo Yehova : Hlati,
Mboniselo yami,
Tixo wam, nkoloseko,
Ulitemba lam.

3 Wot' ahlangule ngo Kwake
Mgiben' womtiyeli,
Endyikityeni yokufa
Emeyeliselo.

4 Yena wokugubungela,
Ngentsib' akufihle,
Ibe kaka, ngweletshetshe
Inyaniso Yake.

5 Zizituso ebusuku
Akukoyikiswa,
Nalutolo ol' tolwayo,
Lulo lwasemini.

6 Nandyikitya-kuf' ihamba
Esitokotokwen',
Nasifo sibubisayo
Sibuq' emalanga.

7 Kow' iwak' ecaleni lako,
Nes' gidi ek'nene,
Kodwa kus' isiqu sako
Kunga sondeli nto.

8 Woti njekodwa ngamehlo
Ukangel' ubone
Ukubuyekezwa kwabo,
Abo bangendawo.

9 Kuba, O ! Yehova Nguwe,
Obe kum lihlati;
Ote ung' Osenyanweni
Waba kum likaya.

10 Kungeko kuqubisana
Okububi Nawe,
Kungefiki nasibeto
Ententeni Yako.

11 Kuba izitunywa Zake
Ziyolelwe ngawe,
Zikugcin' ezidleleni
Ez' uhamba kuzo.

12 Zitunyw' ezo zokutwala
Ngezibin' izandla,
Hleze Wena ngonyawo lako
Ubetek' etyeni.

13 Woyinyatel' ingonyama
Njalo kwane ramba,
Woyinyâsh' ingonyamana
Nenamba ngenyawo.

14 Kuba ndakumsiza lowo
Unamatele kum,
Ndize ndims' engxondeni
Owaz' igama lam.

15 Endibuza ndopendula,
Ndaye ndoba naye,
Mbandezelwen' ndomhlangula
Ndize ndimzukise.

16 Ndomanelis' imihla
Eyakuba mide,
Kway' okwam ukusindisa
Ndiya kumbonisa.

—o—

*Indumiso XCII.*

## 92 C.M.

UKUBULEL' u-Yehova
Kulunge kwapela,
Negama l' Osenyangweni
Libetelw' uhadi.

2 Ukuyixela kusasa
Eyako inceba,
Ze busuku ngobusuku
Ukunyaniseka.

3 Ngentambo zilishumi
Nangomrube nawo,
Ndonza ngokunofefe
Ukubet' uhadi.

4 Kuba ngo Wak' umsebenzi
Ndivuya, Yehova,
Ngeze zandla Zak' izenzo
Ndinokomelela.

5 Ezak' izenzo, Yehova,
Zikul' okukodwa,
Kwanazo Ezak' ingcinga
Zinzulu kakulu.

6 Mntu yena osityakala,
Akakwazi oko,
Nesinyabi sinqatyelwa
Kukuqonda oko.

11 Njengoko Orebe no Zebe .
Manen' abo benze,
Nkosi zabo zonke zibe
Nga Zeba, Tsalmuna,

12 Bona bati ukuteta :
Lamakåy' o-Tixo
Masizihlutele abe
Ngamakaya etu.

13 Tixo wami, bafanise
Okwas' isaqwiti ;
Ubafanise nomququ
Opambi komoya.

14 Babe bona njengomlilo
Lowo udl' ihlate
Njengal' idangatye lawo
Lilenya intaba.

15 Basukele wenjenjalo
Ngoqwitela Lwako
Ubakwånqise ngomoya
Wak' ovutuzayo.

16 'Buso babo buzalise
Ngelabo ihlazo
Kon' ukuze balifune
'Gama lo-Yehova.

17 Mabadane bakwanqiswe
Kus' epakadeni,
Ukuze bona badake
Benziwa zintloni.

18 Ize bazi ukuba Wena
Yehova nge gama,
Usenyangweni pezulu
Wongamel' umhlaba.

——o——

*Indumiso LXXXIV.*

**84** C.M.

IMINGQUBA yo-Yehova
. Ay' tandeki ngoko!

2 'Mpefuml' ulangazelela
'Ntendelezo Zako ;

Ude unge uyapela
Lolo dandateko ;
'Mxel' am, 'nyam' imemelela
'Tix' opilileyo.

3 Intakana nenkonjane
Zizifumanele
Kwizibingelel' ikaya
Lawaz' amatole.

Yehova, Nkosi Tixo,
Asilo noyolo

4 Kwabahlal' endlini Yako
Besakudumisa.

5 Hay' abantu benoyolo
Abamandl' a-Kuwe.
Abakumbula umendo
Oya e-Tsiyon'!

6 Bepumela entilini
Yemiti ye Baka
Bayenz' isikeleleke
'Mitombo, nemvula.

7 Bomelela, bomelele
Ngokubonakala
Pambi ko-Tix' e-Tsiyon'
Besit' ukuteta :

8 Tixo wemkos' Yehova,
Ndak' tandaza ndive.
Tixo ka-Yakobi, Wena
Wubekel' indlebe.

9 Tix' etu ngweletshetshe
Kangela uncede,
'Buso bo-Wak' umtanjiswa
Kåwubukangele.

10 'Min' inye kwintendelezo
Zak' idlul' iwaka ;
Ndinyul' ukuba semnyango
Kweka-Tix' am indlu,

Kunokuhlala kwintente
Zoko kungandawo

11 Kub' ulanga ngweletshetshe
U-Yehov' u-Tixo.

Unobabal' u-Yehova,
Ukwano zukiso,
Wop' elungileyo into
Kwabe ngqibelelo.

12 Hay' uyolo lwalomntu
Ukolosa Ngawe,
Wena Mnini wemikosi
Wen' ungu-Yehova.

7 Kum mhla wokubahdezelwa
Ndakunqula Wena,
Ngesizatu sokokuba
Uya kupendula

8 Nkos', onje Ngawe akako
Pakati kotixo,
Nezenzo nazo aziko
Ezinjenge Zako.

9 Zonk' intlang' owazenzayo
Zoza pambi Kwako
Niqubude, zizukise
Elo gama Lako.

10 Ngokuba umkulu Wena
Ekwenzeni Kwako,
Ngemisebenzi eyodwa
Yako wedwa, Tixo.

11 Yehova, kaundiyalele
Eyako indlela
'Ntliziy' ivane-nenene
Ngokoyika Wena.

12 Kuwe Nkos' ndobulela
Ngentliziyo yonke,
Ndizukis' e-Lak' igama
Kube napakade.

13 Ngokuba inceba Yako
Kumi ibe nkulu,
Wasindiswa umpefumlo
Kwe pants' ihadesi.

14 Abakùkùmali, Tixo,
Bandipakamele
Bezijor' ezinenzondo
Kub' ungento kuzo.

15 Wena-ke, Nkosi yam Tixo,
Ungu-Somfesane,
Mqumbi-kade, mninzi-nceba,
Kunye nenyaniso.

16 Ndibèke, undibabale;
Ew' umkonzi Wako
Mpe 'mandla, 'msindis' unyana
Wak' umkonzanzana.

17 Ndibonise umqondiso
Wakò ukulunga ;
Nceda ngal'ututuzelo
Badana' abatiyi

*Indumiso LXXXVII.*

## 87 C.M.

USEKO alusekileyo
Luntaben' zingcwele
2 Awe-Tsiyon amasango
Ku-Yehova mahle,

Pezu kweminquba yonke,
Leyo ka-Yakobi.
3 Kutetwa into zozuko
Ngawe, mzi ka-Tixo.

4 Kwe ndibaziyo ndoxela
Ngo-Rahab' ne-Babel
Ma-Filisti, Tire, Kushi
Abazalwa kona.

5 Malungana ne-Tsiyon
Kotiwa ke ngayo:
Lo nalo uzalelwe kuyo'
Amis' Osenyango.

6 Ekubalen' ko-Yehova
Wozibàl izizwe,
Ati, Kulapo abaya
Bazalelwa kona.

7 Boza bevuma beqamba
Ngesitet' esiti
Eyam' imitomb' ipela
Yileyo ikuwe.

——o——

*Indumiso LXXXVIII.*

## 88 C.M.

YEHOVA Wen' ongu Tixo
Wolwam usindiso,
Ndikala mini, nab' suku
Ndizigcanabile.

2 Umtandazo wam mawuze
Ebusweni Bako.
Ndlebe Yako uyitobe
Xa ndihlahlambayo.

3 Ngokub' owam umpefumlo
Uhlut' int' ezimbi,
Ubom bam bufike nabo
Kwela bafileyo

6 Ingade ibebanina
Esibåkabakeni,
Olingana no-Yehova
Konyana bo-Tixo ?

7 Ngowo kungcangcazelelwa
'Bungeni labangcwele,
Ngofanelwe ukoyikwa,
Kwaka mngqongileyo.

8 Tixo wemikos' Yehova,
Onje Ngawe upina ?
Uqilima, lokutenjwa
Kokungqongileyo.

9 Ungu Wena ongu-Mlauli
Weratshi lolwandle,
Kwanamaz' alepuzayo,
Uyawadambisa.

10 Wena mtyumzi ka Rahab
Wanje nje nxwelera,
Ngalo Yak' eqinileyo
Yasasaz' intshaba.

11 Amazul' akwanga Wako,
Kwanomhlaba nawo;
'Nzaliseko yel' miweyo
Yasekeka Ngawe.

12 Umu-Ntla wadalwa Nguwe
Kwanawo um-Zantsi ;
Zivuya ngegama Lako,
I-Tabor ne-Hermon.

13 Ingalo enobugora
Iyileyo Yako;
Site-nqi isandla Sako
Koluk' esok' nene.

14 Ummiso wobulungisa
'Siko le tron' Yako ;
Zabe zilungiselela
'Nceba nenyaniso.

15 Banenyweba abobantu
Bazi intlokoma,
Bakuhamb' ekukanyeni
Kob' so bo-Yehova.

16 Bogcoba ngegama Lako
Ngayo yonk' imini,
Baze ngob' lungisa Bako,
Bapakame bona.

17 Kub' amandla abo Nguwe
Usihombo sabo ;
Lupakamil' upondo lwetu
Ngo Kwak' ukutanda.

18 Kub' ingweletshetshe yetu
Inguye u-Yehova ;
Oyingcwele ka Sirayeli
Ngowet' u-Kumkani.

19 Ngombono wakå wateta,
Kowenceba Wako,
Wati, Ndinyul' indodana,
'Gora ebantwini.

20 Ndimfumen' ndampakamisa
'David os' caka sam,
Ngay' i-oli Yam engcwele
Sendimtambisile.

21 Kuye sakuqinisela
Esami isandla,
Ew' iyakumkalipisa
Naye' e-Yam ingalo.

22 Alukukė lumqubule
Olwake utshaba ;
Akakukė acinezelwe
'Nyana wobugqweta.

23 Ndoba qòba pambi kwake,
Aba bandezeli,
Ndize ndibaxabel' abo
Bangabamtivayo.

24 Inyaniso Yam nenceba,
Zòba nay' ezonto ;
Lapakam' upondo lwake
Ngal' igama Lam.

25 'Sandla sake soda siye,
Kumisa elwandle,
Sab' esokunene sake
Sise milanjeni.

26 Woti yena ukundibiza :
Ungu Bawo Wena;
Ungu Tixo wam ne Liwa
Lokundisindisa.

27 Ndakumenza kunjalo nje
Owamazibulo
Abe nguy' Osenyangweni
Kokumkan bomhlaba.

16 Bendingati ndibadlise.
Nqolow' eyoba ntle,
Ngobusi ndibahlutise,
Obe tsili kanye.

———o———

*Indumiso LXXXII*

## 82 C.M.

EBANDLENI um' u-Tixo
Elo lika Tixo
Enguy' ogweba pakati
Kwab' otix' esiti,

2 Koba ninina nigweba,
Ngokulalanisa
Abo nibanonelela
Bezikohlakali.

3 Elosweleyo k' ityala
Nalo malitetwe,
Kwanal' elenkedama
'Hlwempu nosizana.

4 Osweleyo makasizwe,
Kunye nolihlwempu
Bahlangulwe esandleni
Sabo bangendawo.

5 Abaqondi, abazinto,
Bafamz' emnyameni,
Zonk' ezomhlab' iziseko.
Ziya zamazıma.

6 Ndite ke mna : Ningotixo
Ningabo onyana,
Balowo Osenyangweni
Nanke ke nipela.

7 Kanti koko niyakufa,
Kwa nanje ngabanye
Niwe njengomnye nifana,
Nabateteleli.

8 Suka, gxebe, ume, Tixo,
Emhlaben' ugwebe.
Kuba njengelifa Lako,
Wodl' intlanga zonke.

*Indumiso LXXXIII.*

## 83 C.M.

MUS' UKUTI-CWAKA, Tixo,
Siyakutandaza,
Pasuluka ungati tu,
Musa ukuzola

2 Kuba nanz' intshaba Zako
Ziyaxokozela
Bapakamisa intloko
Abakutiyayo.

3 Gqugula abalenzayo,
Libuqôpôlolo,
Lingabo abantu Bako
Abagushileyo.

4 Bati, Masibati-shwaka
Bangabi luhlanga,
El'ka S'rayel, igama,
'Ngabi sakunjulwa.

5 Ek' beni becebisana
Ngantliziyo inye
Baz' umnqopiso bawenza
Ocasene Nawe ;

6 Ezakwa Edom intete
Nezakwa Ishmayel'
Zilunga zama Mowabi
Nezama Hagari.

7 Ma-Gebali; ma-Amoni
Nama-Amaleki ;
Ezama-Filisti, kunye
Buse-Tir' abemi,

8 Ma-Asure etelela
Aba ludusi
Aba ngalo kub' onyana,
Abo baka Lote.

9 Yenza ngoko wenza ngako
Kuma-Midiyani,
Ku-Sisera, naku Yabin,
Sihlanjen' se-Kishon.

10 Batshabalala Endore
Bada bangumgquba
Wokugalelw' emhlabeni
Ukuwutyebisa.

9 Tixo, ongumsindisi wetu
Yiza usincede,
Ngozuko lwegama Lako
Sihlangulwe tina.

Zixolel' ezet' izono
Ngokwenceba Yako,
Nangal' olu camagusho
Lubiz' e-Lak' igama.

10 Yin' ukuba zit' intlanga
'Tixo wab' upina ?
Emehlwen' etu makazeke
Nakuz' ezintlanga.

Ngopindezelo lwegazi
Eselipalele.
11 Nokugcum kwamakonxwa
Kuze pambi Kwako.

Ngay' ingalo Yak' enkulu
Mabasind' onyana
12 Kumelwane uyuyisele
Ungcikivo lwabo.

Ngokupindwa kasixenxe
Sondo lway' ingubo,
Babe kungcikiva ngayo
Pofu uyi-Nkosi.

13 Sobulela ngoko tina
Sizizimvu Zako
Ebezisaluswa Nguwe
Kwase pakadeni.

——o——

*Indumiso LXXX.*

**80** C.M.

MALU I ka Sirayeli,
Kausip' indlebe,
Mqubi Yosf' njengezimvu
Kâny' uhlel' e-Kerubin'

2 Ku-Efrayim no-Benyamin
Kwana ku-Manase,
Bugora Bako buvuse
Kusisiza uze.

3 Tixo, sijike sibuye,
Usikanyisele,
Ngo-Bak' ubuso ukanye
Ize sisindiswe.

4 Tixo wemikos' Yehova,
Kode kube nini
Umsindo uwuqûmisa,
Abako betandaza ?

5 Esenyembezi isonka
Ubadlisa bona,
'Milinganis' emikulu,
Ubaseza yona.

6 Ngesi senz' abamelwane,
Baxabana ngati ;
Suke saba sigculelo
Nakwintshaba zetu.

7 Tixo wemikos', sijike,
Ewe, sibuyise
Ngobuso Bak' ukânyise,
Ize sisindiswe.

8 Waunyotula umdiliya,
Kwizwe le-Yiputa,
Wawutyala kwelentlanga
Ote wazigxota.

9 Ukokele ngokuhlahla,
Uzinzisa wona,
Waz' ingcambu wendelisa,
Lizwe wal' zalisa.

10 Intaba zagutyungelwa,
Nangumtunzi wawo
Masebe awo afana
Nem' sedar' ka-Tixo.

11 Nango lomasebe awo,
Ay' ema ngolwandle,
Nango namagatya awo
Ayekuw' um-lambo.

12 Uzityobozele nina,
Ntango ezi zawo,
'Ze nje 'badlule ngendlela,
Baman' ukuwuka ?

13 Neyehlat' ingulube,
Izibuqâ kuwo,
Wabe nakwinto yasendle
Iwudl' idakasa.

14 Gxebe, Tixo, kâubuye,
Wena Somikosi
Usezulwin' uqondele,
'Mdiliy' uw' velele.

33 Wapelis' imihla yabo
Yaba njengompunga
Yaza weminyaka yabo
Yazinkatazeko.

34 Xa wati wababulala
Babuya bamfuna
Bamfuna ngomond' u Tixo
Nangay' inyameko.

35 Bakumbul' ukub' u-Tixo
Uliliwa labo
U-Tixo Osenyangweni
Ngumkululi wabo.

36 Bamcengacenga ngomlomo
Bemtomalalisa
Kodwa okolwimi lwabo
Ngaba mxokisayo.

38 Ngokwemfesan' uxolela
Naba nobugwenxa.
Acamagushek' umsindo
Abuy' eb'shushwini.

39 Ukumbula bayinyama
'Moy' omk' ungabuyi;
40 Kangapi bepik' entlango
Bemenza buhlungu!

41 Bapind' ukumling' u-Tixo
Becubung' Ongcwele,
42 Osandla sibakulula
Banga s'kumbuleli.

43 Nezamin' e-Yip'ta, Tsohan
Yayi zizimanga
44 'Manzi ajikw' aligazi,
Mijel' ayaselwa.

45 Ok' ingcongconi zabadla
Masel' abulala,
46 Kwimveliso zezilimo
Zanqunqut' inkumbi.

47 'Mdiliya waubulala
Ngaso isicoto,
Yas'ke imitombo kubo
Yenziwa umkence.

48 'Mfuyo, m'hlambi yavingcelwa
'Mibane nes' coto
49 Watumela ukuvuta,
Kwaw' umsindo Wake.

Ngopupumo, ngobávumo
Luyimbandezelo,
Ez'libuto lezitunywa
Ezo zibububi.

50 Umsindo wake wahamba
Ewenzel' umendo
'Kuze mipefumlo, bomi,
Zinikw' indyikitya.

51 E-Yiput' amazibulo
Abulawa onke,
Nentlahlela zobudoda
Kwez'ka Ham intente.

52 Njengezimv' Abak' abantu
Ukubafudusa,
Wabakokel' entlango
Benguwo umhlambi.

53 Wabakupa bengankwantyi,
Bekolose Ngaye,
Ekuben' intshaba zabo
Zaginywa lulwandle.

54 Wabafikisa emdeni
Owake ongcwele,
Ntaba yesok' nen' isandla
Eyazuzwa Nguye.

55 Ezweni laz' intlanga
Zagxotelwa bona
Lacandwa; nentente zalo
Zabelw' u-Sirayel'.

56 Kodw' u-Tixo bampikisa
Ngak' ukumlinga
Bengaz' gcin' ozinqiniso
Zak' Osenyangweni.

57 Njengoyise banginiza
Baza babuy' umva,
Bajika njengesapeta
Esikohlisayo.

58 Ngeziganga bamqubisa
Bambang' ubukwéle;
Ngemifanekiso yabo
Iyeqingqiweyo.

59 Akub' evil' u-Tixo
Wapupum' umsindo
Wawacekisá kakulu
Ama-Sirayeli.

11 Ngo-Yehova ndikankanya
Zenza zincamisa
Ndikumbul' imisebenzi
Yake yakudala.

12 Ndicamanga ngako konke
Kusebenza Kwako
Ndicinge ngezenzo Zako
Ezincamisayo.

13 Isebungcweleni, Tixo,
Eyako indlela;
U-Tixo woba nguwupi-na
Njengo-Tixo wetu.

14 Unguye lo-Tixo wenzayo
Ngokubaluleka
Umandl' Akó wawazisa
Pakati kwezizwe.

15 Wabakulula ngengalo
Abako abantu
Onyana baka-Yakobi
Nabaka Yosefu.

16 Tixo wabonwa ngamazi
Azibijabija;
Ewe, agungqa amanzi,
Awenzonzobila.

17 Amafu emvul' angqingqwa
Apalaz' amanzi;
Sandil' isibâkabâka,
Zatshesha intolo.

18 Wadudum' esisaqwiti,
Kwanyikima mhlaba;
Yalikanyis' imibane
Lonk' elimiweyo.

19 Yaba selwandlè indlela
Kwa nomendo Wako
Waba kumanzi maninzi
Awaziw' umkondo.

20 Njengezimv' abantu Bako
Bakokelwa Nguwe;
Ngesika Moses' isandla
Kunye nes'ka Aron.

## 78 *Indumiso LXXVIII.* C.M.

WUBEKELENI indlebe
Umyalelo wami,
Niwatobele indlebe
Amazw' omlomo wam.

2 Ndowuvula umlomo wam
Ngaw' umzekeliso,
Ndimpompoze intsonkota
Zawo amandulo.

3 Esakuvayo sakwezi
Basityel' obawo
4 Tin' asiyi kukugusha
Kub' onyana babo.

Zuza-mva soz' balisela
Zuko lo-Yehova
Ibaluleke ngamandla
'Misebenzi Yake

5 Sinqiniso kwa Yakobi
Wasimisa apo
Umyalelo kwa Sirayeli
Wamiselw' obawo.

6 Kuze isizukulwana,
Siwaz' esizayo
Onyan' abaza kuzalwa
Nabo babaliso.

7 Ze banqolonce ngo-Tixo
Bangazi libali
Zenzo Zake zincamisa
Im'teto bay'gcine.

8 Moya ungafuz' oyise
Njubaqa zabantu
Basweli-nyan' nokulunga
Entliziywen' zabo.

9 Onyana bakwa Efrayim
Ngemini yemfazwe
Zixobo, ntolo benazo
Basuka bajika.

10 Abangcinà umnqopiso
Owona ka-Tixo
Ukuhamba abavuma
Ngoko Wak' umyalo.

15 Kwaya-Nguw' owagqoboza
'Mtombo, milanjana :
Ingu Wena, owamisa
Leyo ingomiyo.

16 Imini le iye Yako
Nobusuku nabo ;
Ukukånya kwane langa,
Nguwe umlungisi.

17 Nomseki mida yomhlaba,
Ummisi kwa Nguwe;
Ihlobo kunye nob' sika,
Zi-Ngawe ezonto.

18 Noko Yehova-ke kumbula
Ngcikivo zotshaba,
Lugib' e-Lako igama,
Eb' dengen' babantu.

19 'Mpefumlo wezuba Lako,
Maunganikwa ramncwa ;
Kwanentsizana zomhlaba
Ungazilibali.

20 'Mnqopiso Wako wubèke,
'Ndawen' ezimnyama
Zezwe lizele zizindlu,
Zabagonyameli.

21 Obuy' engotyumkileyo
Mpepis' ehlazweni,
'Gama Lako lidunyiswe
Ludizi lwehlwempu.

22 Suk' ume, Tix', ubambane
Nobambana Nawe,
Ngcikivo lwabo bazidenge,
Lolo kukunjulwa.

23 Kwanezwi lombandezeli,
Ungalilibali
Nabasukela pezulu,
Ukunyus' ingxolo.

——o——

*Indumiso LXXV.*

**75** L.M.

SIBULELA sibulela,
Tix', igama Lako,
El' sondez' izenzo Zako,
Zibalulekile.

2 Kuba uti : Ndiyakwenza
Ngexesh' elililo,
Kunjalo-nje ndogweba
Ngokulungileyo.

3 Awomhlab' amandl' ayetå,
Kwanabemi bawo,
Ndabe ndizi zinzisile mna,
Intsika zomhlaba.

4 Kwaba qåyisayo nditi,
Msan' ukuqayisa ;
Kwabo bangendawo, M'sani
Ukupakamisa.

5 Ningalupakamiseli
Upondo pezulu,
Nangokusa ningateti,
Nolule intamo.

6 Kwimpuma nantshonalanga
Uncedo aluko.
Kwanakuyo ke intlango,
Yasezintabeni.

7 Hayi, ngu-Tix' ogwebayo,
Kuba lo emtoba
Aze low' ampakamise,
Ngo-Kwak' ukutanda.

8 Yab' indeb' esesandleni,
Iyeka Yehova ;
Wayin' ipitikeziweyo,
Ipùpùm' igwebu.

Kuyo-ke uyatulula,
Ewe kwanentlanga
Ezo zoselwa zifincwe
Zizoni zomhlaba

9 Ke mna ndakushumayela
Kus' epakadeni
Ndibe ngovuma ngo Tixo,
Lowo ka-Yakobi.

Impondo zabangendawo
Zoxakaxwa zona ;
Ezelungisa impondo,
Zakupakanyiswa.

Lizukil' igama Lake
Malisikelelwe,
Zuk' oluzalis' umhlaba
Oti: Amen, amen.

———o———

*Indumiso LXXIII.*

**73** C.M.

ULUNGE kwapel' u-Tixo
Kuy' u-Sirayeli,
Kubo abo bantliziyo
Ziziz' ezinyulu.

2 Okokwam zipants' ukumka
Ezami inyawo,
Gcwizi ukutyibilika
Ekunyateleni.

3 Kuba, bendibamonela
Abaqàyisayo,
Xa ndibon' uk' pumelela
Kwabo bangendawo.

4 Ngoku kungabi nantlungu
Ekufeni kwawo,
Bepilile, betyebile
Mayela nomzimba.

5 Abakatazeki bona
Ngokwabany' abantu,
Kwanobubi bab' abanye
Kubo ke abuko.

6 Ngalonxa banxib' iratshi
Entanyeni yabo,
Bate-wambu ngokwengubo
Ukugonyamela.

7 Abònxil' amehlo abo
Enziwe kutyeba,
Bapumisel' ekuhleni
'Mabòngo entliziyo.

8 'Nteto zokuhlala kwabo
Zezentlambà embi,
'Ndumbisa zamazwi abo,
Zezembandezelo.

9 Bangababeka izulu
Ngowabo umlomo,
Kanti ngokolwimi lwabo
Luhamb' emhlabeni.

10 Ngako'ko abantu Bako
Babuyela apa,
Sebewafincil' amanzi,
Nawo emaninzi.

11 Bati, Unokutini-na
Ukwazi u-Tixo,
Gxebe kukona ukwazi
Kuy' Osenyangweni ?

12 Yabona abangendawo
Bahleli behluma
Ngokwezinto zalomhlaba,
Bande ngokunyaba.

13 Sifane saqaqambisa
Intliziyo yetu ;
Sangati sihlamb' izandla,
Sizenz' abamsulwa.

14 Ndabetwa imini yonke
Ndisiv' ubuhlungu ;
Ukohlwaywa kwetu kwaba
Kokwemiso yonke.

15 Ukuba bendite Ndoti,
Ukuteta kwami
Ndoba njenge nginingini
Kwesi zukulwana.

16 Ndati-ke ndakucing' oko
Ndakuba nokwazi
Kwas'ke oko kwayinkohla
Emehlweni ami.

17 Ndide-ke ndaya kungena
Kwingcwele zo-Tixo,
Ndandula-ke ndakugqala
Ukupela kwabo.

18 Inene wen' ubamisile
Ebutèlezini
Ngebubuliso bowiswa
Bati tshabalala.

19 Hay' ukupanziswa kwabo
Koba ngepanyazo
Bepelile, begqityiwe
Lukwanqiso lwabo.

20 Nje ngepupa kobelele,
Ete waqabuka,
Wena Nkosi, wakuvuka
Uyakubadela.

*Indumiso LXXI.*

## 71

C.M.

NDOZIMELE ngo-Yehova
Ndingaze ndidane,
2 Ndihlangule ngob' lungisa
Tob' indleb' usize.

3 Yiba liwa lilikaya
'Maxeshana onke;
Ungxondora, mboniselo
Wis' umtetò usize.

4 Esandleni songendawo
Neso salw' igqeta,
Nakwaba zibòvubòvu,
Tixo, ndisindise.

5 Kuba waba temba lam,
Nkosi yam, Yehova,
Kwandisenguy' omncinane
Waba nkoloseko.

6 Nguwe owandixàsayo
Kwasesizalweni,
Nay' owandityobozisa
Kwimbilini ka-ma;

'Maxa onke yoba Ngawe
Eyam indumiso,
7 Kwabaninzi ndisimanga
Kub' uhlat' unqaba.

8 'Mlomo wam uyakuzala
Yindumiso Yako;
Izè okò imini yonke
Kube sisihombo.

9 Ngeli lobuxèg' ixesha
Mus' ukundilahla,
Ndakupelelwa ngamandla
Mus' ukundishiya.

10 Kubà ndindaba èmlonveni
Kuz' intshaba zam
Abandilind' umpefumlo
Bayacebisana.

11 Bati, U-Tix' umlahlile,
Sukelan' nimbambe
Kube kuye akaseko
Ongahlangulayo.

12 Ngoko Tix' ungabi kudè,
Kaulez' undincede
Ze abacàsi mpefumlo
Bagqitywe kudana.

13 Abo banga ndingehlelwa
Bubi bompefumlo
Bambàtise ngongcikivo
Nangalo ihlazo.

14 Okokwam ndiyakuhlala
Ndingolindileyo
Kwindumiso Zako konke
Ndiye ndizongeza.

15 'Misebenzi yob' lungisa
Ndiya kuy' balisa
Nezokusindisw' imini
Ingena kubalwa.

16 'Misebenzi yobugora
Be-Nkos' u-Yehova
Nayo ndoba ndikànkanye
Ukulunga Kwako.

17 Kwa ndisemncinane, Tixo,
Undifundisile
Nangok' zibalulekile
Ezako izenzo.

18 Ngoku ndisebuxegwini
Ntlok' izel' izimvi,
Kus' esisizukulwana
Mus' ukundishiya.

19 Side nasò esi sitsha
Sixelelwe naso
'Ngalo Yak' enobugora
Nakwabo bezayo.

19 Tix', o-Bak' ubulungisa
Bufike pezulu
Wen' u-Menzi nto-zinkulu
Upin' onje Ngawe.

20 Umbonisi 'mbandezelo
Nobub' obuninzi,
Owos'pilisa usirole
Kwezo nzonzobila.

21 Wen' obami ubukulu
Uya kubandisa
Kwa Wena uya kubuye
Unditutuzele.

35 Ulo-Tix' ezingcweleni
Owoyikekayo,
Mniki mandla kub' abantu:
Makabongw' u-Tixo.

—o—

*Indumiso LXIX.*

69 C.M.

NDISINDISE nceda, Tixo,
'Manzi andifikele,
Ngangokude ngobuninzi
Arax' umpefumlo.

2 Kul' udaka olunzulu
Ndimiz' ukutshona,
'Manz' ayandigubungela
Mbltini yomsinga.

3 Ndidinwe kudanduluka
'Mqala am ude woma,
Ayandipelel' amehlo
Kulindel' u-Tixo.

4 Baninz' abanditiy' ilizé
Pez' kwezam inwele,
'Ntshab' ezinga ndingabȁnga,
Matut' apangayo.

5 Matyal' am nak' ukumata,
Tixo, uyakwazi.

6 Ngenxa yam mabangadani
Abakutembayo.

Abo bafun' u-Yehova
Enkosi yemikos'
Mabangangci'vwa ngamu,
Tixo ka Sirayeli.

7 Kuba ngal' igama Lako
Nditwel' ingcikivo
Buso bam bugqubutele,
Okulil' ihlazo.

8 Ndis'ke ndangowasemzini
Ebazalwaneni,
Ndanje ngowoluny' uhlanga,
Kanye kwabaka-ma.

9 Kuba ngenxa yendlu Yako
Ndidliwe likwele;
Ingcikivo ezi Ngawe
Ziwe pezu kwami.

10 Wada walil' umpefumlo
Ndakuzil' ukudla,
Lonto yaguqulwa yaba
Yingcikivo ngami.

11 Zaguquk' ezam ingubo
Zazezirwexayo,
Ngako ke kwabany' abantu
Ndenz'w' umzekeliso.

12 Abahlel' emasangweni,
Ndaba ncoko yabo
Ndaza kwabangamanxila,
Ndayingoma kubo.

13 Ndokutandaza, Yehova,
Ngel' xesha likoyo,
Ndiv' inceb' eninzi Yako
Ndisind' inyaniso.

14 El'dakeni ndihlangule
Ndize ndingatshoni,
Kubatiyi ndihlangule,
Nakumanz' ambiti;

15 Ndinga gutyungelwa msinga
Ndiginywe yinzulu,
Nal' iqula ngomlomo walo
Lingandivingceli.

16 Ke Yehova ndipendule,
Uze undibȅke,
Ngenceba elungileyo
Nemfesan' eninzi.

17 Buso Bak' ungabufihli
Ngakumkonzi Wako,
Nakuyo lembandezelo
Kaulez' undincede.

18 Ndikulul' empefumlweni
Uzisondezile,
Kuzo zonk' ezam intshaba
Wona wukulule.

19 Noku kwam ukungcikivwa
Kuyaziwa Nguwe:
Ndidaniswa, ndihlaziswa
Ngaba bandezeli.

20 Ntliziyo yam iyapulwa
Zezozingcikivo,
'Ntutuzelo nakukuzwa
Kum azik' ezonto.

3 Zobulel' izizwe
Ewe zonk' intlanga
Zipelele zivuyiswe,
Kubulel' u-Tixo.

4 Zakumemelela,
Ngal' ulaulo Lwako,
Lobulungis' ezizweni
Zehlabati lonke.

5 Zanga zonk' izizwe,
Zibulele Kuwe
Ze umhlaba uyivelise
Kwane ndyebo yawo.

6 Tixo, Tixo wetu,
Wozisikelela.
Zonk' izipelo zomhlaba
Zikoyike Wena

——o——

*Indumiso LXVIII.*

## 68 C.M.

MAKASUK'EME u-Tixo
Zibe ntsal' intshaba ;
'Busweni Bake basabe
Abamtiyileyo.

2 Njengokupetshetwa komsi
Bapetshetwa njalo ;
Ngumtwebeb' onyibilika
Upambi komlilo,—

Mabadake ngokunjalo,
Abangendawo.

3 Ke wona amalungisa,
Makavuy' adlamke :

Ngemihlali ngemivuyo
Pambi Kwak' u-Tixo.

4 Tumani Kuy' u-Tixo
Nimbetel' uhadi.

Nimenzelè-ke umendo
Opakamileyo,
Ulokwel' ezinqantosini
Azicanda-cande

Ogama Lakè ingu-Yehova
Dlamkani pambi Kwake.

5 Undoda kubahlolokaz'
Uyise kwinkedama.

Ekaya Lake ungu-Tixo,
Elo liyingcwele,

6 Abangamalol' u-Tixo
'Bahlalisw' endlwini.

Ukupel' enywebeni
Ababanjiweyo
Njubaqa zodw' ezohlala
Kweli balelweyo.

7 Ukupuma Kwako, Tixo,
Ukokel' a-Bako
Ekunyateleni Kwako
Kwelo linkangala

8 Ebusweni buka-Tixo
Paya e-Sinayi
Wat' umhlaba wanyikima
Namazul' avuza.

9 Ngesisa semvul' eninzi
'Tixo, walitshiza,
Wazimasa lakubàra
Elako ilifa.

10 Kulondaw' umhlambi Wako
Wahlaliswa Kuyo,
Wambuyisel' ol' sizana
Ngokulunga Kwako.

11 Zwi le-Ndaba Ez'lungileyo,
Yolikup' i-Nkosi,
Zishumayel' intokazi
Zingo mkul' umkosi.

12 Okumkani bemikosi,
Bosaba besaba ;
'Ntokazi isel' ekaya
Yowab' amaxòba

13 Ezintlanti nolala-na
Nimahob' alapo
Nimapik' akany' e-silver
Nigolid' intsiba.

14 X' u-Somandl' adungadunge
Zikumkan' zalapo
Yoba mhlope njengekepu
Kuy' i-Tselimon.

15 Eyase-Bashan intaba
Yintaba ka-Tixo;
Iyeyon' incopo ninzi,
Lentaba ye-Bashan.

3 Belulol' olwab' ulwimi
Lube njengerele,
Bezixun' intolo zabo
Amazwi erara.

4 Entsitelwen' bayamtola,
Ogqibeleloyo,
Bemtola ngesiqupe
Bengoyiki luto.

5 Baqinel' ezwin' elibi
Bomelele kulo :
Singabonwa ngubanina ?
Ezirintyelweni.

6 Libugqwet' icebo labo
Lagqibelela
Eyendoda intliziyo,
Ngumbilin' onzulu.

7 Kant' u-Tix' uyabatola,
Ngo-Lwak' utolo,
Aze amanxeba kubo,
Ngesiqup' abeko.

8 Bakukutyekiswa bona
Kwa lulwimi labo
Bahlunguzelelw' intloko,
Ngababonayo.

9 Ngako oko bakusuka
Abantu boyike,
'Msebenzi ka Tix' uxelwe,
Naz' izenzo Zake.

10 Lakuvuya lizimele
Ngo-Yehov' ilunga,
Z'abate-tye ngentliziyo
Baqåyise bonke.

—— o ——

*Indumiso LXV.*

**65** C.M.

KUTOZAMO, kundumiso,
E-Tsiyone Kuwe,
Tixo, isibåmbåtiso,
Sizaliswa Kuwe.

2 Ungumpulapuli Wena
Way' imitandazo,
Yonke into eyinyama,
Izizisa Kuwe.

3 Zindoyisilenj' indawo
Zobugwenxa bami
'Reqo lwetu wol' xolela,
Ngocamagushelo.

4 Hay' uyolo lomnyulayo,
Uze umsondeze,
Abe mhlali-ntendelezo
Ze tempile Yako.

Ngokulunga kwendlu Yako,
Sakuzihlutisa,
Sibe tempileni Yako,
Leyo iyengcwele.

5 Usipendula ngezenzo
Ezoyikekayo,
Ezizezobulungisa,
Tix' osindisayo.

Uyinkoloseko mhlaba
Nolubanz' ulwandle,
6 Uzinzis' intab' amandla
Ubinq' ubugora.

7 Ulodåmbis' ukugquma,
Kwelwandle namaza,
Kus' ekuxokozeleni
Kwanazo izizwe.

8 Ngumoyikwa miqondiso,
Zipelo zomhlaba,
Ngumemelis' ukuvela
Kokusa nokuhlwa.

9 Tix' uwuvelele umhlaba
Waunyela watyeba
Inqolowa ilungisiwe,
'Mjel' uzel' amanzi.

10 Useza misel' ihlute
'Miqel' inyakame
Ngutambisa ngezipango
Zicum' izilimo

11 Uwutwêsile umnyaka
Wokulunga Kwako,
Yaye imikondo Yako
Itsitsa indyebo.

12 Avatsitsa amariwa
Kwindaw' ezintlango
Macalanå onk' enduli
Abinqe umgcobo.

7 Ungowam u-Giliyadi,
Ngowam no-Manase ;
Efrayim usigcina-ntloko,
Yud' untong' omteto.

8 Mowab' yena usisitya
Sam sokuhlambela,
U-Edom, mnqiw' wembadada
'Filist' inqangaza.

9 Owondisa ngubanina
Emzini wamandla ?
'Bani owondikapela
Kwesika Edomu.

10 Asikwa-Nguwe-na Tixo,
Osihlambileyo ?
Ote akwapuma, Tixo,
Nemikosi yetu?

11 Kongumbandezeli wetu
Uze usincede,
Kuba olomnt' usindiso
Alunto yaluto.

12 Ngo Tixo sonz' izimanga
Ewe, sakweyisa ;
Kuba Nguy' oyakungqusha
Ababandezeli.

*Indumiso LXI.*

## 61 C.M.

TIX' okwam ukuhlahlamba,
Kåude ukuve ;
Kwanowam umtandazo
Wubazel' indlebe.

2 Kwesomhlaba isipelo
Ndimemeze Kuwe ;
Ndityafile ngentliziyo,
Ndifukulel' ewen'.

3 Wena kum usipèpèlo
Sokundizimeza,
Unqab' ende, neliqele,
Kubuso bentshaba.

4 Ngonapakade ndohlala
Ententeni Yako,
Ndizizimez' esiteni
Lamapiko Ako.

5 Kuba Tixo uzivile,
Iz' båmbåtiso zam.
Boyiki begama Lako,
Ubanik' ilifa.

6 Ukumkan' wongezw' imihla
Emihleni yake,
Iminyaka yofuzisa
Izizukulwana.

7 Wohlala pambi ko-Tixo
Kus' epakadeni,
Ummisel' inceb' inene
Zokumlondoloza.

8 Kokukon' igama Lako
Ndol' betel' uhadi,
Ndizalis' ez'båmbåtiso
Zemihla ngemihla.

——o——

*Indumiso LXII.*

## 62 C.M.

UTOZAMELE ku Tixo,
Kany' umpefumlo wam ;
Kusindiswa kwam kengoko
Kwakuvela Kuye.

2 Ulelam kwapel' iliwa
Ekwa wam umsindis' ;
Andiyi kushukunyiswa
Kule yam ingxonde.

3 'Ndulumbåna le emntwini
Nibongwa yinina ?
Kunini-na nimncinita
Nonke nipelele ?

Selede wanje ngodonga
Olo luzimkayo,
Okunye njengotångo
Olo oluwayo ?

4 Bagqibe kwelo kumtvåla,
Kany' angapakami,
Bakolene ngamang' odwa
Ulowo etshabisa.

5 Tozamel' u-Tixo yedwa,
Wena mpefumlo wam,
Kuba limi Kuye lonke
Lon' elam itemba.

Yen' u-Tixò uyakutuma
'Nceba nenyaniso.
4 Kumpefumlo opakati
Kwazo ingonyama:

Kunjalo-nje ndakulala
Nabafut' umlilo,
Maziny' abo zintshembeca
Zentshuntshe nentolo.

Nyana bomntu 'balulwimi,
Lub' kali kwerele,
5 Pez' kwezulu vela, Tixo,
Uzukis' umhlaba.

6 Benz' is'bata, esenyawo
Bandimbel' is'hogo,
Bendigob' umpefumlo:
Beyela ngokwabo.

7 Eyam intliziyo, Tixo,
Izimasekile;
Ndovuma ndibet' uhadi
Ndizimasekile.

8 Luzuko, mrube, luhadi
Mas'vuke nges' fingo!
9 Nkosi, ndibulele Kuwe,
Pakati kwezizwe.

10 Kub' wen' unceba nkulu
Ipatel' ezulwini,
'De yes' es'bakâbâkeni
Inyaniso Yako.

11 Zipakamise ngapezu
Kwamazulu, Tixo,
Lube pezu kwehlabati
Olwak' uzuko.

——o——

*Indumiso LVIII.*

## 58 C.M.

NGOKUY'NENE ningade-na,
Nina bangotixo,
Nibe ngabakutetayo
Okulungileyo?

Nibagwebe ngob'lungisa
Onyana babantu?
2 Hayi kona, entliziyweni
Neninazkohliso.

Nizandla zimlinganiso
Ikugonyamela;
3 Pambuki bangendawo
Kwase sizalweni

Bandwendwi kwase siswini,
Bateti bamanga.
4 Babuhlungu oberâmba
El' zenz' isitulu;

5 Kona lingasay' kuliva
Izwi longumnyangi,
Nobuncibi baba bopa
Ngabo omabope.

6 Tixo, yapûl' amazinyo
Emlonyeni wabo,
Namabamb' ingonyam' entsha
Wavite Yehova.

7 Mabapalal' okwamanzi
Aqukuqelayo;
Akuxun' intolo zake
Zinge zicutshiwe

8 Banyibilik' okwenkumba
Xana ihambayo
Ngokwe mva-mbilin' yomfazi
Engaboni langa.

9 Zoti zingekev' intsasa
Ezenu imbiza;
Iserwad' ingekavutwa
Uyay' qweqwedisa.

10 Lon' ilungisa lovuya
Kupindezelelwa
'Nyawo zalo lozihlamba
'Gazin' longendawo.

11 Ngelungisa woti umntu
Lihl' ikamva lalo.
Nen' ehlabatini uko
U-Tix' ogwebayo.

——o——

*Indumiso LIX.*

## 59 C.M.

TIXO wami, ndihlangule
Kuz' ezam intshaba,
Ndisatyiselw' engxondeni
Zakundivukela.

5 Abo bandilalelayo
Bobuyelwa bubi;
Woti ngenyaniso Yake
Abenze babânge.

6 Okokwam ndobingelela
Ku Yehov' ilunga;
Ngokuqutywa yintliziyo
Ezel' umbulelo.

7 Londihlangul' elogama
Embandezelweni,
'Liso lam locwâitiswa
Kubonel' intshaba.

——o——

*Indumiso LV.*

## 55 C.M.

WUBEKEL' indlebe, Tixo,
Umtandazo wami,
Nakus' isikungo sami
Mus' ukuzifihla.

2 Baz' indlebe, ndipendule
Ndiyapâpáteka;
Ndide ngenxa yengcâmango,
Ndenz' incwin' enkulu.

3 Lizwi lotshaba ol'bang' oku
Lundixinezele;
Bendiqengqel' ebubini,
Ngenzondo yomsindo.

4 Ntliziy' iyajijiteka,
Ngapakati kwami;
Nezotûso zak' ukufa
Zindiwele nazo.

6 Kwanga ngendinamapiko
Anje ngawehobe;
Kon' ukuze ndibaleke,
Ndiyekuti-kêfu.

7 Kê ndibalekele kude
Ndok'lalis' entlango,
8 Ndikaulezel' ukusinda
Kuvutuzo-moya.

9 Nkos'! zitshabalalis' intshaba
Cand' ulwimi lwazo;
Ndil'bonil' ugonyamelo
Ol'pakati komzi.

10 Bat' emini naseb'suku,
Bajikel' indonga;
Ubutshinga nokwapula
Kupakati kwawo.

11 Pakati kwawo umzi
Kukweyelisela
Ndaweni yembuto yawo
Kulaul' inkohliso.

12 Bendinokul' twal' utshaba
Olungcikivayo;
Ndisitele kongumtiyi
Oz' kulisa kumi.

13 Koko nguwe obungumntu
Ozenz' umlingane;
Wena endazana nawe
Kub' ulikolwane.

14 Ebesicwey' okumnandi
Siya 'ndlwin' ka Tixo,
Silihlokondiba kunye
Eligcobileyo.

15 Mabaqûtyulwe kukufa
Besadla ubomi;
Baye kwelabafileyo
Bepahlwe bububi.

16 Okowam ndonqul' u-Tixo
Ndosindiswa Nguye;
Ndiya kumxokozelela
Nditandaza Kuye.

17 Ngokuhlwa kwanakusasa
Nasemin' enkulu
Ndocamanga ndinencwina
Ud' uv' izwi lami.

18 Ude' uw' kulul' umpefumlo
Uz' ube noxolo
'Ze uninzi lwabaxâsi
Lungandisondeli.

19 Wov' abapendul' u-Tixo
Yen' ungowanini,
Abangena zinguquko
Bengoyiki Tixo.

20 Kub' axolelene nabo
Ubasa izandla;
Nomnqopis' abebenzele
Ubuy' aw' hlaziye;

Okutetayo kokona
Boba bulungisa;
Kwanak' ukugwetywa Nguwe
Kokana kocaca.

5 Uyabona ndazalelwa
Ndisebugwenxeni;
Wabe umà wandikåula
Ndingose sonweni.

6 Uyabona inyaniso
Uy'fun' ezintsweni;
Kwanob'lumko undazisa
Kwindaw' ez'yimfihlo.

7 Ngehisope kåundihlambe
Ndohlambululeka;
Ndixovule ndeze mhlope
Ngapezu kwekěpu.

8 Imihlali kåundivise,
Kwanay' imivuyo;
Ogcoba amatambo
Owacolileyo.

9 Sitelis' ubuso Bako
Ezonweni zami;
Ubucime Wena bonke
Ubugwenxa bami.

10 Dala ngapakati kwami
Intliziyo enyulu;
Undihlaziyel' umoya
Oqinisekileyo.

11 Musa Wen' ukundilahla
Ebusweni Bako;
'Moya Oyingcwele Wako
Ungawuhluti kum.

12 Eyosindis' imihlali
Mayindibuyele;
Undixåse ngaw' umoya
Wentumekelelo.

13 Kukona ndobafundisa
Abo bangendawo,
Kwanazonk' indlela Zako,
Babuye aboni.

14 Ndihlangul' emagazini,
Tix' osindisayo,
'De lumemelel' ulwimi
Bub' lungisa Bako.

15 Wena, Nkosi, kauyivule
Imilebe yami;
Kokona umlomo Ngawe
Woxel' indumiso.

16 Kuba Wena akunanze
Namibingo yami;
Nanyukayo amadini,
Bendiya kuk' nika.

17 Eka Tix' imibingelelo
Kukwapuk' umoya:
Intliziy' etyumkileyo
Akayi kuy' dela.

18 Okulunge kwakoleka
Kwenzel' i-Tsiyone;
Ndonga ze-Yerusaleme,
Mazakiwe Nguwe.

19 Ize imilambo Kuwe,
Yandul' ukuyola;
Namadin' anyukayo
Agqibeleleyo.

'Nkunz' ezintsha ezenkomo
Zondul' ukunyuswa,
Ziya es'bingelelweni
Eso sika Tixo.

*Indumiso LII.*

## 52 C.M.

UQAY'SE' A, nina gora,
Ngokwenza okubi?
Inceba ka Tixo iko,
Imihla ngemihla.

2 Ngcamango yolwimi lwako
Kukweyelisela;
Ululole labukali
Ngas' tshetshe sendev'.

Umkohlis' okohlisayo,
3 Ongnmtandi bubi
Nokuteta ubuxoki,
Kunokulungisa

4 'Mtandi waw' amazwi onke,
Alalanisayo;
Lwimindini lungendawo
Nolunenkohliso.

Ngokwento ede yancanywa
Kwas' epakadeni.)
9 Abe mdli wabom maxesha
Engas'bon' is'hogo.

10 Kub' ebona nezilumko
Zikwabûbâ nazo,
Zityâkala nezinyabi
Ziyishiy' imfuyo.

11 Embilin' bebeti bona:
'Ndlu zom' is'makade
Leminquba iyeyabo
Yeye zizukulu,

Mihlaba leyo bayitiya
Amagama abo
12 Kanti manew' newu omntu
Akanto yalutô.

'Mntu ufana nenkom' ezi
Zitshabalalayo,
13 Zinyabi nabalingane,
Ndlela nje yomlomo,

14 Ehades' imbûto yabo
Inje ngeye gusha;
Oyena malusi wabo,
Ngongu kufa yedwa.

Ekuseni abate-tye
Bayabanyatela
Nesitômo asinandawo
Sonakel' ek'feni.

15 Wow' kûlul' u-Tixo kodwa
Umpefumlo wami,
Ngesandla Sak' anditate,
Kwelo linabafi.

16 Yakuba sityeb' indoda,
Musa ukoyika
Kwanendlu yayo yakwanda
Ngab' ubuqaqauli.

17 Ayi kutabata nento
Ekufeni kwayo;
Aliyi kuhl' emva kwayo
Kwanozuko lwayo.

18 Nangani isadl' ubomi
Ibizicâitisa,
Nompefuml' iwusikelela
Bade bay'dumise.

19 Sizukulu eya kuso
Sesasi ngoyise,
Napakad' ukukubona
Oko kukâzimla.

20 Mntu-ndini usihandiba
Ube ungaqondi,
Ufana nenkomo ezi,
Zitshabalalayo.

——o——

*Indumiso L.*

## 50 S.M.

UNGOTETILEYO
U-Tixo wo tixo,
Mini lé ubiz' umhlaba,
Kusasa ahlwise.

2 Kwi Tsiyon' ey'nzwana
Ukâziml' u-Tixo;
3 Esiz' engu Tixo wetu,
Akakuti cwaka.

Mlil' opambi Kwake
Unguwo odlayo;
Ngenxa zonk' usisaqwiti
Esimpahlileyo.

4 Pezul' amazulu,
Kwakwanje ngomhlaba,
Uwabiz' ukuz' agwebe
Pakati kwabantu:

5 Ndibalelen' a-Bam
Abo-ke benceba,
Abanqopisene nami
Ngoko mbingelelo.

6 Amazul' axela
'Bulungisa Bake;
Kuba ngo Kwake u-Tixo
Yen' uza kugweba.

7 Bantu Bam, yivani,
Sirayel' nditete,
Ndiqononondise kuwe,
Ndingu Tixo wako:

8 Akungambingo
Endikohlwayayo,
Namadin' ak' anyukayo,
Selok' epambi Kwam.

*Indumiso XLVI.*

## 46 C.M.

ULIHLATI kut' u-Tixo
Ekwalil' igwiba;
Ufumanek' eluncedo,
Embandezelweni.

2 Ngalonxa-ke as' woyiki
Amapênd' omhlaba,
Zakudilikel' intaba
Enzulwin' yolwandle.

3 Angagquma alepûze,
Lomanzi olwandle;
Zinganyikima nentaba
Ngokuratsha kwalo.

4 'Mlambo womzi uzibâxa
Kwa Tix' uluvuyo,
Kwiminqūba eyingcwele,
Yosenyangweni.

5 Upakati kwaw' u-Tixo
Awushukunyiswa;
Uwunceda ke u-Tixo
Kwakuvel' ukusa.

6 Ziyaxokozel' intlanga
Azinakuzinza
Uyakupa izwi Lake,
Ungabik' umhlaba.

7 U-Yehova wemikosi
Ungecala letu;
Yen' u-Tixo ka Yakobi
Uyingxonde yetu.

8 Yizani-ke nikângele
Okwe-Nkos' ukwenza,
Eti yenz' izipanziso
Pezu kwehlabati.

9 Ulopelisa zimfazwe
Zipelwen' zomhlaba;
Umapula isapeta
Anqûmze umkonto.

Ungumtshisi ngaw' umlilo
Wezokulw inqwêlo.

10 Yekani nazi ukuba
Ndimu ongu Tixo;
Ndingoya kupakanyiswa
Nazizo intlanga;
Ndingoya kupakanyiswa
Nanguwo umhlaba.

11 U-Yehova wemikosi
Ungecala letu;
Yen' u-Tixo ka Yakobi
Uyingxonde yetu.

——o——

*Indumiso XLVII.*

## 47 C.M.

NONKE zizwe, u-Yehova
Mbetelen' izandla;
Mdumelen' u-Tixo ngezwi
Lokumemelela.

2 Ngu-Yehov' osenyangweni
Engowokoyikwa;
Kub' ekumkani omkulu
Emhlabeni wonke.

3 'Zizwe uzikândanisa
Pantsi kwenyaw' zetu;

4 'Qâyiyen' lika Yakobi
As'nyulel' ilifa.

5 Unyuk' u-Tixo kudunywa,
Kuhlokom' is'godlo;

6 Mbetelen' uhad' u-Tixo,
Ewe mbeteleni.

Ongowetû u-Kumkani
Mbetelen' uhadi;

7 Kub' u-Tixo ngu-Kumkani
Wawo wonk' umhlaba

U-Yehova ngokuqiqa,
8 Mbeteleni uhadi,
Engu Kumkani wentlanga
Ohlel' etronini,—

Leyo Yake iyingcwele
Uhleli elaula.

9 Amanene ezizwe Zake
Ahlanganisene.

Bantu bo-Tixo k' Abr'hame
Bemnyuse kakulu,—
Kub' izilaulo zomhlaba
Zez' ka Tixo yedwa.

——o——

## 44 *Indumiso XLIV.* C.M.

SIVILE ngobawo, Tixo,
Basibalisela
Ngomsebenz' owawenzayo
'Mihla yamandulo.

2 Usandla sagqogq' intlanga,
Watyala-ke bona;
Nokuba waviv' izizwe
Wanabisa bona.

3 'Rele lab' alihlutanga
Elolizwe labo,
Ngalo yab' ay' basizanga
Kwezo ntshaba zabo;

Kungesandla sokunene
Kwane ngalo Yako;
Kukanya kobuso Bako:
Unesisa kubo

4 Tixo kum ungu kumkani,
Ngenxa ka Yakobi
Malubeko usindiso
Lutunyelwa Nguwe.

5 Nababandezeli betu
Ngawe sobangqula;
Abasukela pez' kwetu,
Ngawe sobagqusha.

6 Ngesapet' andimkolosi,
Nangerele lami;
7 Umsindisi wetu Nguwe
Badan' abatiyi.

8 Sidumisa, sibulela
Yonke ke imihla
Kwigama lo Tixo wetu
Kus' epakadeni.

9 Nok' us'hlambe wasihlaza
Kwimikos' wasala;
10 Samelwa kuhlehl' umva
Bas' pang' abatiyi.

11 Njenge gush' ezidliwayo
Was' nikela njalo;
Sacitwa ke sicitiwe
Pakati kwentlanga.

12 Ngabant' Bako watengisa
Akwazuza luto,
Akwal' nyusa ixabiso
Akwatyeba ngabo.

13 Wasenza tin' ingcikivo
Kumelwane lwetu,
'Cukucezo, is' gculelo
Kubangqongi betu.

13 'Ntlangen' saba mzekelwa
Ngokwenziwa Nguwe,
Sahlunguzelwa intloko
Zizo zonk' izizwe.

15 'Hlazo lam lipambi kwami
Yonke-ke imihla,
Nokudana kobuso bam
Kundigubungele;

16 Ngenxa yezwi lomngcikivi
Noy' ongumnyelisi;
Kwanotshaba lukangela,
Kwano mpindezeli.

17 Kusifikele konk' oko
Asakulibala;
Nakumnqopis' asaxoka
Sakululamela.

18 Ngentliziyo asahlehla
Sibul' emendweni,
19 Hleze sityunyuzwe Nguwe
Ngetunzi lokufa.

20 Ukuba igama Lako
Besititibele,
Solulel' izandla zetu
Tixwen' basemzini,

21 Ubenge zicikidi-na
Lont' u-Tix' ayazi?
Kub' ezaz' ingontsi ngontsi
Zentliziyo zetu.

22 Ngenxa yoko sibulawa
Imihla le yonke;
Kwaliwa ngati sizigusha
Ezezo kuxêlwa.

23 Vuka! ulalele nina,
Wena Nkosi yami?
Qabuka, ungasihlambi
Kube kupel' oko.

Usindiso nay' inceba
Andazikànyela ;
Kwane nyanis' eye Yako,
Kwelikul' ibandla.

11 'Mfefe Zako kum' Yehova,
Ungazi tinteli ;
'Nceba Yako nenyaniso
Zindilondoloze.

12 Ndimjikelwa wentw' ezimbi,
Azinakubalwa,
Bakufika ubugwenxa,
Bungakàngeleki.

Buninz' okwenel' entloko,
Ndimkelwe luvalo.

13 Ngamana wandihlangula,
Yehova, kauleza.

14 Mabadaniswe zintloni,
Abam abazondi ;
Babuy' umva, bahlazeke,
Abanywèbeleli.

15 Ngomvuzo welab' ihlazo,
Mabamangaliswe,
Abatshoy' ukuti kumi,
Heke! tshotsho! tshotsho!

16 Mabe nemihlali Ngawe
Abakufunayo ;
Olutanday' usindiso,
Yehova, mkulise.

17 Kemna hlwempu lusizana,
Ndocingwa yi-Nkosi,
Nguw' umncedi, msindisi wam,
Mus' ukulibala.

——o——

*Indumiso XLI.*

## 41 C.M.

ASIMNTU inywèba lowo
Unanze ihlwempu,
Womhlangul' u-Yehova
Emhleni wobubi.

2 Wogcinwa-ke ngu-Yehova
Abe ngopilayo
Nase mhlabeni wonconywa :
Mkusel' ez' ntshabeni.

3 El' kukweni lobulewlwe
Ngu Yehov' umxàsi ;
Uguqul' ukuko lonke,
Esifeni sake.

4 Nditi : Taru-ke, Yehova !
Kàundenzel' inceba ;
'Mpefumlo wam wupilise :
Kuba ndikonile.

5 Ngabo bazintshaba zami
Ndingumlelwe kubi ;
Ziti : Wod' afe ninina
Lidàke igama ?

6 Nozel' ukundilunguza
Upum' endixoka ;
Kub' intliziy' ebutshinga,
Ubez' ey' qumile.

7 Kusebeza kwabatiyi
Kokutet' okubi

8 Bati : Lilel' itshijolo
Alisakuvuka.

9 'Ndoda besixolelene,
Ndikolose ngayo,
Ebesidla 'sonka kunye,
Nay' indivukele.

10 Yehova ke, ndibabale ;
Undipakamise ;
Ndize ndibabuyekeze,
Ngokwempato yabo.

11 Ndazi ngalento ukuba
Undinonelele ;
Akana kundidumela
Olutshaba lami.

12 Ekugqibeleni kwami
Wena wondixàsa
Wondimisa pambi Kwako
Kus' epakadeni.

13 Makabongwe u-Yehova
Ka S' rayel' u-Tixo
Kwipakade lapakade
Amen ka Amen.

——o——

6 Ndipata kupenapena,
Zendisibekeke;
Yonk' imini ndirubuluza,
Ngokozilileyo.

7 'Mihlubul' iyatshiseka,
Nditunga tungiwe;
'Ndaw' ipilayo ayiko
Kule yam' inyama.

8 Ndiqobile, ndityumkile,
Ngawo lomva-ndedwa,
Ndibongiswa kukugcuma,
Kwentliziyo yami.

9 Nkosi yam, upambi Kwako
Wonk' umnqweno wâmi;
Kwano mncwino wentliziyo,
Kuw' awusitelê.

10 Liyabet' elam' ipapu
Amandl' apelile;
Nokukânya emehlweni
Kwanako akuko.

11 Abaz' ntanda kwa nowetu,
Bandimele mgama;
Koku betwa 'zalamane
Zimi kude nami.

12 Batiyi bam bayafuna
Umpefumlo wami
Benxâmel' ukub' ububi
Buze kundihlela.

'Nto bazitetayo ngami
Kundeyelisela
Becamanga inkohliso
Ngam imini yonke.

13 Ke mna ndibutul' andiva,
Ndinje ngesidenge;
Ndleb' ayiva, mlom' aw'teti
Ndisi simumumu.

14 Ndinje ngomnt' ongevayo,
Ongatetisiyo;
15 Ndilind' undipendulele,
Yehov' am, Tixo wam.

16 Nditi, Hleze bavuyelele
Ndakutyibilika,
Bati ngoko kugqidiza,
Sebe zikùlisa.

17 Ndiza kuwa kujingxela
Lamaxesha onke,
Lolu sizi nomva-ndedwa
Ndijongene nawo.

18 Obugwenxa bundimele
Busiti ndixele;
Ndikweso situkutezi,
Singenxa yesono.

19 Pof' intshaba zipilile
Zona zizimfidi,
Abanditiyayo baninzi
'Nto yabo ikuxoka.

20 Kundibuyekez' ububi
Ndawen' yolungiso:
Ndakuputum' ukulunga,
'Nto yabo yincaso.

21 Msukundishiya, Yehova,
Ube kude, Tixo;
22 Kawuleza undincede
Nkos', nom Sindisi wam.

——o——

*Indumiso XXXIX.*

## 39 C.M.

NDINGOWATI ndozigcina
Ezami indlela;
Lwimi lwam ngokunjalo,
Ukuba lungoni.

Oko mlomo ndowubopa
Kwa ukuwugcina;
Xenikweni ongendawo,
Ase pambi kwami.

2 Ndatòzama ndasidenge,
Zole! andateta,
Ukulunga kudubeke
'Ntsizi zomva-ndedwa.

3 Kubushushu bentliziyo
Ley' ingapakati,
'Ngcamango zavut' umlilo,
Lwateta-ke ulwimi.

4 Ndati: Ndazise, Yehova,
Esam isipelo,
Umlinganiso wemihla
Nokunqamka kwami.

5 Yiyekele ku-Yehova
Eyako indlela ;
Ube ngokolosa Ngaye
Ukuz' akwenzele.

6 Wokuvatisa ngokânyo
Okwak' ukulunga ;
Kwa nokulibango lako
Njenge min' enkulu.

7 Yiti-cwaka, ulindele
Ko Nguy' u-Yehova :
Ungazivutisi msindo
Ngone mpumelelo.

Ewe, lomnt' ufez' okwake
Ngaw' amayelenqe.
8 Lahla, shiya ubushushu,
Bomsind' ovutayo.

Musa ukuzivutisa,
Ngayo imbò yake ;
Uzisingise kwanawe
Ekwenzen' ububi.

9 Kuba beya kunqanyulwa
Abenzi bobubi.
Abatembi bo-Yehova
Izwe bolixâmla.

10 Kusaya kuba mzuzwana
Kuye ongendawo,
Ingabik' indawo yake
Wakuyikangela.

11 Lifa lelizwe lodliwà
Balulami bodwa ;
Nobuninzi bokuxola
Babe nokuyola.

12 Amayelenq' ongendawo
Awanzel' ilunga,
Ati alitshixizele
Namazinyo alo.

13 Inkosi-ke iyamhleka,
Kuba Yon' ibona
Oko naye kumzelayo,
Ngeyake imini.

14 Elaba ngendaw' irele
Nalo bel' rolile ;
Nesapeta, kwa esabo,
Naso sigotyiwe ;

Ukuwisa usizana,
Nay' olihlwentshana ;
Bencinel' ukubasika
Abandlela intle.

15 Rele labo lobuyela
Kweyab' intliziyo ;
Zapuk' izapeta zabo,
Zibe ntwana-ntwana.

16 'Ntwana elinay' ilunga,
Ilunge kwapela
Kunentabalal' eninzi
Kub' abangendawo.

17 Kub' ingalo zongendawo
Yen' uyazapula ;
Ngu-Yehova ongumxasi
Waw' amalungisa.

18 Ngu-Yehov' umazi mihla
Bagqibeleleyo ;
Lifa lawo liyakuma
Kus' epakadeni.

19 Abayi kukà badane
Ngexesha lobubi,
Okokwabo bakuhluta
Nangexa lendlala.

20 Ngokuba abangendawo
Bayatshabalala ;
Ngokomsi zopel' intlahla
'Ntshaba zo Yehova.

21 Uk'boleka kongendawo
Kuz' angabuyisi ;
Kodwa kona okwelunga
Libabala lipe.

22 Abasikelelwe Nguye
Bolixaml' ilizwe ;
Okwabatshajiswa bona
Bonqunyulwa bonke.

23 Manyatel' omf' aqina,
Ngaye u-Yehova,
Ukuz' indlel' ayihambayo
Itandeke Ngaye.

24 Woti nangan' ate wawa
Akak' qungquluza,
Kub' eno Yehov' umxâsi
Wesak' isandla.

2 Qubula ingweletshetshe,
Kwa nalo ikàka,
Suk' ume ungu Yehova
Ukundincedisa.

3 Rol' umkonto, 'vingc' indlela
Yabo basukeli bam,
Kumpefumlo wami yiti:
Ndisindiso lwako.

4 Abo bandizungulayo,
Mababe nentloni;
Mabandane, bahlàzeke
Zingcingan' ezimbi.

5 Mabafuzise umququ
Wakufik' umoya;
Usitunywa so-Yehova,
Sok' batyàla bawe.

6 Ndlela yabo maibe mnyama,
Ibe mtyibilizi,
Xa is'tunywa s'basukela
Esika Yehova.

7 Kuba umpefumlo wam
Baumbèl' isihogo,
Baugqumele isibata
Kungeko sizatu.

8 May' babàq' intshabalalo
Yesibata sake;
Nges' tonga eyele kuso
Ongumgqumi waso.

9 Mupefumlo wam, gcoba
Kuye u-Yehova;
Uze ube nemihlali,
Ngosindiso Lwake.

10 Amatambo ami onke
Ati ngo Yehova,
Ngubanina onje Ngawe
Ukomelezisa?

Noti kuzo intsizana
Abe ngumhlanguli,
Ngokunjalo nakwihlwempu
Abe mxakamfuli.

11 'De kwesuka amanqina
Ange malungisa,
Andibuza ngayo into
Endingayaziyo.

12 Bandibuyekez' ububi
Abenza kulunga;
Ok' ikuwuxàlekisa
Umpefumlo wami.

13 'Ngubo endazambatayo
Zazezi rwexayo;
Ndenz' izila xa bafayo
'Mtandazo awanceda.

14 Ndazipata ngokumvela
Ngokoko mzalwana,
Ndanga ndililel' unina,
Ndikwezokuzila.

15 Ekuqwaleleni kwami
Ahlanganisana,
Amagxidol' evuyile
Endenzel' intlamba.

16 Bezihiba ezigwenxa—
Ngenxa-nje vesonka,
Bas'ke banditshixizela,
Ngamazinyo abo.

17 Nkosi, kunin' ubonela
Lentshabalaliso?
Buyis' ezingonyameni
'Mpefuml' okupela.

18 Ndiya kubulela Kuwe
Kwelikul' ibandla;
Ebantwini abaninzi,
Ndakukudumisa.

19 Mazinga ndivuyeleli
'Ntshaba zobuxoki,
Banga tyandelan' intshiyi
Abanditiyayo.

20 Kub' uxol' abaluteti,
Baceb' inkohliso;
Mazwi ab' anyàmnyèlisa,
Ukufuz' ilizé.

21 Besineka bati: Tshotsho!
'Mehl' et' abonile.
22 Ubonile, yiva, Tixo,
Mus' ukuba kude

23 Vuka, pàpà, lamla, Nkosi,
Koku kubambana;
24 Tet' ityala lob' lungisa
Ndingavuyelelwa.

3 Mvumelen' ingoma entsha,
Ngukuyilungisa ;
Nenjenjal' ukuyibeta
Ngal' elokuduma.

4 Kuba lite-tye ilizwi
Elika Yehova ;
Nako konke akwenzayo
Kokutembisayo.

5 Ungumtandi bulungisa
Nokuse sikweni ;
Nceba Yake u-Yehova
Izalis' umhlaba.

6 Amazulu ayenzeka
Ngezwi lo-Yehova ;
Kwano mkôsi wawo wonke
Kuvutela Kwake.

7 Ulobut' amanz' olwandle
Awenze imfumba,
'Manz' abanjiswe kovimba
Law' enzonzobila.

8 U-Yehova maumoyike,
Wonke ke umhlaba ;
Bat' aboni bel' miweyo,
Bonke bamhlonele.

9 Kuba wateta, kwabako,
Kwem' umtetw' Ake.

10 Okungamaceb' entlanga
Ukutshitshisile.
Ingcingane zaz' izizwe
Uzibângisile,

11 Elika-Yehov' icebo
Lelo napakade.
Ingcingane zentliziyo.
Ewe, eze-Yake,
Zityûtyâ nesizukulu
Ukumiswa kwazo.

12 Hay' uyolo lolohlanga
Lu-Tix' u-Yehova ;
Lubant' abanyulileyo
Balilifa Kuye.

13 Esezulwin' u-Yehova
Wondel' ukubona ;
Bonk' onyana be-Adam,
Bon' uyabaqonda.

14 Ekwis'hlalo sokubona
Yena uqondele
Ukub' abone wonk' umhlaba
Abawumileyo.

15 Ulobumbe ngamfano nye
Intliziyo yabo,
Nazo zonk' izenzo zabo
Yen' uyaziqonda.

16 Ukumkan' akasindiswa
Yiy' impi enkulu ;
Nal' igora alihlangulwa
Ngokwamandla alo.

17 Unakanye nalw' ihashe
Ukukusindisa ;
Lingenak' ukukusiza
Ngawal' amandla.

18 Iliso lika-Yehova
Likubantu Bake,
Bemoyika, belindele,
Okwenceba Yake.

19 Ukuze awuhlangule
Umpefumlo wabo ;
Abagcine nangexesha
Layo ke nendlala.

20 Ulindele ku-Yehova
Umpefumlo wetu,
Nguye oluncedo lwetu
Kwane kaka letu.

21 Ngok' iyakukanya Ngaye
Intliziyo yetu.
Elingcwel' igama Lake
Sikolose ngalo.

22 Ubabalo lo-Yehova
Lube pezu kwetu
Njengokuba Yehova
Silindele Kuwe.

——o——

*Indumiso XXXIV.*

## 34 C.M.

NDAKUMBONGA u-Yehova
Ngamaxesha onke ;
Yohlal' ikowam umlomo
Indumiso Yake.

4 Uya kundirola Wena
Kuso isibata,
Abasigqumele mina,
Kumi uyinqaba.

5 'Moya wam ndiwuyaleza
Esandleni Sako ;
Undikulule, Yehova,
Tixo wenyaniso.

6 Ndibatiyile ke abo
Bagcini 'mampunge,
Ento ezinge-zanto :
Ndokolosa Ngaye.

7 Ndogcotyiswa, ndovuyiswa
Yiy' inceba Yako;
Kub' ubon' uzibonile
Zonk' intsizi zami,

Nengxinano zompefumlo
Wakub' uzazile ;
8 Ukuvingcelwa ziz' intshaba
Akuyi kwenzeka.

'Nyawo zam uzimise
Endawen' ebanzi.
9 Ekubandezelekeni,
Nkosi, ndibabale.

'Liso, sisu, mupefumlo,
Zonakel' ezonto.
10 Kukatazwa sisinqàla
Ndingcungcutekile.

Kukuncwina leminyaka,
Ayagèxà amandla ;
Bubugwenx' ayalupala
Namatambo ami.

11 Kubabandezeli bonke
Ndaba singcikivo ;
Ngokukodwa kumelwane
Lwabo bandaziyo.

Ndabanto yokunkwantyiswa
Neyokubalekwa ;
Bat' abandibona pandle
Bas'ke bandoyike.

12 Ndinje ngomf' olityelweyo
Nonga-kunjulwayo ;
Njengesity' esilixàzi
Esiza kulahlwa.

13 Ntlebendwane yabaninzi
Nayo ndiyayiva ;
Ukunxungupala kwàyo
Kokoyikisayo.

Emagqquguleni ayo,
Yetetana ngami ;
Bànqangiyel' ukutabata
Umpefumlo wami.

14 Koko ndikolose Ngawe
Wen' ongu-Yehova ;
15 Ndati : Akwe Sak' isandla
Amaxesha ami ;

Nakwaba ndisukelayo
Wena ndihlangule ;
Esandleni sentshaba zami
Wena ndisindise.

16 'Buso Bako bukànyise
Kongu mkonzi Wako,
Ndipe usindiso Lwako
Kwà ngenceba Yako.

17 Yehova, andikudana
Xa ndinqula Wena,
Makudan' abangendawo,
Kwelabafi cwaka.

18 Mawubotshwe umulomo
Yaba ngobuxoki,
Etetayo ngelungisa
Ngendlela yokusa ;

Ewe, nangal' iratshi
Elo lokudela.
19 Abembèk' ubagwebela
Ukulunga Kwako.

Kuya kufa kokukulu
Konyana boluntu,
Abakuku setyenzelwa
Kuzimela Ngawe.

20 Kumayelenqe abantu
Basitelisiwe,
Bakùselwe bukò Bako,
Wen' ubagùshile.

21 Makabongwe u-Yehovà
Ondenzel' inceba,
Ngokubalulekileyo
Mzin' unqabileyo.

## 28 *Indumiso XXVIII.* C.M.

KUWE Wen' ongu Yehova.
Ndiyadanduluka,
Uz' ungazenz' isitulu
Kumi 'Liwa Lami

Hlezibe wakuti-cwaka
Ndakude ndeyele
Njengabo batshonileyo
Kumhad' osisele.

2 Liv' izwi lokuzibika,
Nokukunga kwam ;
Ndipakamisel' izandla
Endawen' engcwele.

3 Mus' ukundiqweqwedisa
Nezikohlakali
Ezisebenz' ubutshinga
Basentliziyweni,

Ezintet' igudileyo
Ngati yeyoxolo,
Kant' ingcinga zezobubi
Kumelwane lwabo.

4 Ngokwemisebenzi yabo,
Ngokwe ntlondi zabo,
Ngokwenza kwezandla zabo
Ubabuyekeze.

5 Ngokunga yinoneleli
'Misebenzi Yako,
Eyezandla zo Yehova,
Baya kugungxulwa.

6 Makabongwe u-Yehova
Kuba elivile
Izwi lokukunga kwami
Walipulapula.

7 U-Yehova ngamandl' ami,
Kwa nengweletshetshe ;
Ulikolo lentliziyo
Ndincedeka Ngaye.

Iyadlamka-k' intliziyo
Ingom' indumiso.
8 Kub' engamandl' u-Yehova
Ekwalil' igwiba;
Uyinqobo yosindiso
Kumtanjiswa Wake.
9 Balifa lentsikelelo
Kwa nabantu Bake.

Ubalusa ubaxasa
Aze abatwâle,
Ngosindiso olumiyo
Kus' epakadeni.

——o——

## 29 *Indumiso XXIX.* C.M.

NINA nyana baka Tixo,
Mniken' u-Yehova,
Ubuqaqauli namandla,
Mniken' u-Yehova.

2 Ubuqaqauli begama
Mniken' u-Yehova ;
Nizivete ezingcwele.
Qubudani Kuye.

3 Elika Yehova izwi
Lilaula amanzi ;
Ongu-Tixo wal' uzuko,
Uyadudumisa.

Pezu kwamaninz' amanzi—
4 Izwi lo-Yehova—
Linamandla nobuganga,
Izwi lo-Yehova.

5 Elika Yehova izwi
Lapula imiti ;
Misedar' ye Lebanoni
Iyapulwa Nguye,

6 Lebanon' ne-Siriyoni
Uyazidlobisa,
Zidloba okwenkonyana,
Njenge tole lenqu.

7 Elika Yehova izwi
Lilenyis' umlilo ;
8 Elika Yehova izwi
Liyenz' isaqwiti.

Umenzi saqwiti entlango
Nguye u-Yehova ;
Kwintlango yase Kadeshe,
Asivusa-vuse.

10 Zonk' indlela zo-Yehova
Zinceba, 'nyaniso
Kubagcini bomnqopiso
Wezinqino Zake.

11 Ngegama Lakò, Yehova,
Ndicel' uxolelo,
Kobu bam ubugwenxa,
Bukulu kangaka.

12 Mnt' umoyikay' u-Yehova,
Ngubanina Yena ?
Womyalela leyondlela
Amakayinyule.

13 Wohlala lowo umpefumlo
Usekonwabeni ;
Mbewu yake yolixàmla
Ilifa lelizwe.

14 Uyacebisan' u-Tixo
Naba moyikayo ;
Minqopiso ka-Yehova
Uyakubazisa.

15 Mehlo am ahlal' ejonge
Kuye u-Yehova ;
Onyawo zam wozirola
Nase lutanjeni.

16 Ndibèke, ndibabale
Kuba ndiludwayi ;
Ndintwe ingenabani
Nebandezelweyo.

17 Mbandezelo zentliziyo
Zindipòngomele ;
Kwezontsizi zongcuteko
Ndikupe Yehova.

18 Ekusindekeni kwami
Hlal' undikangele
Uxolele zonk' izono
Nokwapùka kwami.

19 Ngokuba zininz' intshaba
Ezintiy' inkulu,
Mazinga ndenzakalisi,
Nkosi, zikangelė.

20 Gcina umpefumlo wam
Uz' uwuhlangule ;
Mandingaze, ndidaniswe
Kuzimela Ngawe.

21 'Gqibelelo nenyaniso
Mazibe litemba.

22 Tixo, kulul' u-S'rayeli
Kwi nkatazo zonke.

——o——

*Indumiso XXVI.*

## 26 C.M.

TET' ityala lam, Yehova,
Ndihambe, ndimsulwa ;
Ndakolosa ngo Yehova
Andazė ndihexe.

2 Ke Yehova ndicikide
Undigocagoce ;
Nyibilikis' izintso zam
Nentliziyo yami.

3 Ekubeni inceba Yako
Iyepambi kwami
Ndingohamb' enyanisweni
Ingumendo kumi.

4 Andihlali namadoda
Akòhlakeleyo ;
Andihambi nokuhamba
Nabanywàlazayo.

5 Ndilitiyile ibandla
Labenza ububi :
Kwana ku'zikohlakali
Ndiya zikwėbula.

6 Ndizihlamba kokumsulwa
Ezi zandla zami ;
Ze is'bingelelo Sako
Ndis'pahle, Yehova.

7 Ukuze ndivakalise
Izwi lombulelo ;
Ndibalis' imisebenzi
Esimanga Yako.

8 Indlu Yako ilikaya
Endilitandayo ;
Iyindawo yokuhlala—
'Zuko lo Yehova.

9 Maungadibani naboni
Owam' umpefumlo ;
Bube namatonts' egazi
Obu bomi bami.

Nina nzala ka-S'rayeli,
Mhloneleni nonke.
24 Kuba engadele kanga
Wanezote Kuye—

Oludwayi losizana
Ekuzibikeni ;
Akasitelisa buso
Kuba luyilonto ;

Ekuzibikeni kwalo
Upulapulile.
25 Ebandleni elikulu
Yovel' indumiso.

Kulap' izibambatiso,
Ndozibeka kona ;
'Mading' ami ndowafeza
Kwabamoyikayo.

26 Balulami baya kudla
Banele-ke bona,
No-Yehova adunyiswe
Ngabamnxameleyo.

Mayipile intliziyo
Kus' epakadeni
27 Makunjulwe u-Yehova
Kubuyelwe Kuye ;

Nezipelo zaw' umhlaba
Ziqubude kanye;
Eyentlang' imizalwane
Iwe pambi Kwake.

28 Kuba bobuka-Yehova
Ubupata-mandla
Ubulauli bazw' intlanga,
Bukumkani Bake.

29 Izityebi zaw' umhlaba
Zodla zimququela ;
Roz' buqi elutulini,
Ziwe ngamadolo ;

Zicengel' ukugcina
Umpefumlo wazo.
30 Kuko mbew' iyakumkonza
Balisani oko

31 Kwiziza-mva zokuzalwa
Le-Nkosi ixelwe,
Ihlungisa kwapela
Ngokwezenzo Zayo

*Indumiso XXIII.*

## 23 C.M.

UMALUSI wam yi-Nkosi
Andisakuswela ;
2 Ndilaliswa entilini
Ezingamariwa.

Ndaluselwa ngakumanzi
Angawokupumla ;
3 Ubuyiswa upiliswe
Umpefumlo wami.

Endleleni zokulunga
Iyandikòkela ;
Akungenxa yami, Nkosi,
Kunge gama Lako.

3 Ewe, noko ndipumela
Kweyokuf' inyoba,
Andisa koyika bubi,
Kuba uko, Nkosi.

Yoba nam intonga Yako
Kulo lonk' itunzi
Uz' umsimelelo Wako
Unditùtùzele.

5 Undilungisel' ukudla
Pambi kwentshaba zam
Uyitambis' intloko yam,
'Ndebe 'yapalala.

6 Ndipelekwa, ndilandelwa
Kukulunga Kwako;
Ndakuhlal' endlwini Yako
Ngamaxesha onke.

——o——

*Indumiso XXIV.*

## 24 C.M.

UMHLABA ngoka Yehova
Nokuzala kwawo,
Lonke ke nelimiweyo,
Nabahleli kulo.

2 Kuba wawuseka Yena
Pezu kwezilwandle,
Wawuzinzisa ngo-Kwake
Pezu kwemilambo

Azizalis' u-Yehova
Izicelo zako
6 Okungoku-nje ndimazi
Engosindisayo.

Mtanjisw' Ake wompendula
Kwelingcwel' izulu ;
Ngesok' nene amsindise
Kanye ngokwe gora.

7 Bambi bakânkany' inqwelo
Ezize zokulwa ;
Banye bazikankanyela,
'Temba lamahashe.

Tina sikankany' igama
Lo Yehova wetu :
8 Bona baquqile, bawa,
Tina sopakama.

9 Nkosi, sindis' ukumkani :
Ize sakubiza,
U-Yehov' asipendule,
Ngokwenceba Zake

——o——

*Indumiso XXI.*

**21** C.M.

WOVUYISWA ngamandl' Ako,
Nkosi, ukumkani :
Ogcotyiswe ngokukulu,
Lusindiso Lwako.

2 Mnqweno wentliziyo yake
Umnikile Wena
Akwalandula, sicelo,
Semilebe yake.

3 Ntsikelelo zokulunga
Umkaulela ngazo ;
Nesitsaba omtwesayo,
Yigolid' engcwele.

4 Akucel' ubomi Kuwe,
Wamp' imihl' emide ;
'De yaba ngunapakade
Wakwa napakade.

4 Uzuko lwake lukulu
Ngosindiso Lwako :
Pezu kwake ubek' indili ,
Nobungangamela.

6 Koba kuy' unapakade
Wen' umtamsanqela ;
Engovuyiswa kakulu
Kuba pambi Kwako.

7 Kub' ukumkan' ekolosa
Ngaye u-Yehova,
Ngenceba zose Nyangweni,
Akashukunyiswa,

8 Sandla sako soz'fumana
Zonk' intshaba zako,
Esok'nene sobafika
Abakutiyayo.

9 Wen' uyakubenza babe
Ngaziko lomlilo ;
Wakubonakala boba
Uzakubaginya.

U-Yehova x' enomsindo
Ungumlil' odlayo :
Ngalo mlilo wobaginya
Atshabalalise.

10 'Siqâmo sab' emhlabeni,
Sotshatyalaliswa ;
Kwaneka Adam imbewu
Elusapo lomntu.

11 Bebutobela nj' ububi
Becing' iyelenqe,
Abasayi kufeza nto
Ngokwenz' okunjalo,

12 Uyakubenza banikele
Owabo umhlana,
Wakubajolis' intolo
Zesapeta sako.

13 Ngawak' amandla, Yehova,
Suka upakame ;
Sikuvumel' izibongo,
Zobugora Bake.

——o——

*Indumiso XXII.*

**22** C.M.

NDIHLAHLWA nganina Nguwe,
Tixo wam, Tixo wam ?
Ekusindekeni Kwam
Ukude nganina ?

34 Emfazwen' ezam izandla,
Waz' fundis' ukulwa;
Nezingalo ukutyeda,
Sapeta sobedu.

35 Undinik' ingweletshetshe
Yosindiso Lwako;
'Sandla Sako sokunene
Singumxâsi wami.

Lute ululamo Lwako
Lwandibanga mkulu;
36 Uwenzel' ebanz' indawo,
'Manyatelo ami.

Omelele akahexi,
Amaxwêle ami.
37 Ndakuzisukel' intshaba,
Ndiyazifumana;

Ndizisantsulisa zimke,
Zada zapela-ke.
38 Ndiziqobe azavuka
Zipantsi kwenyawo.

39 Wandibinqis' uburoti,
Xana ndizilwayo;
Bat' ababendisukela,
Baguqiswa pantsi;

40 Intshaba zam wazibanga
Zindinik' ikosi;
Nabo abanditiyayo,
Ndakwaba bângisa.

41 Bakaling' ukuzibika
Akwavela sizo,
Bemquqela u-Yehova
Akapendulanga.

42 Ndabacola balutuli,
Lok' petshetwa moya;
Njengodaka lwezitrati,
Bapâlazekile.

43 Wandisiz' embâmbâńweni
Wandenza nday' ntloko;
Izizw' endingazaziyo,
Zeza zandikonza.

44 Kusav' indlebe zodwa
Onyana bentlanga;
Bandinika intobeko,
Yokulalanisa.

45 Naboluny' uhlang' onyana
Sakudityaniswa;
Bapuma bengcangcazela,
Koko kuvingcelwa.

46 Ehleli nje u-Yehova,
Liwa lokubongwa.
Makapakanyisw' u-Tixo
Ondisindisayo.

47 Yena Tix' owandinika
Ukupindezela;
Ngulo kandanis' izizwe,
Zawa pantsi kwami.

48 Ngondisiz' ezintshabeni,
Wandipakamisa;
Kum' ondigonyamelayo,
Uyandihlangula.

49 Ngenxa yoko ndobulela
Pakati kwentlanga;
Ndilidumise igama,
Elingu-Yehova.

50 Ulokulis' intsindiso
Zokumkani Wake;
Nguye ongowenz' inceba,
Engapele ndawo.

Ku Davide nakwi mbewu
Eyinzala yake;
Koda kube napakade
Wase pakadeni.

*Indumiso XIX.*

## 19 C.M.

AMAZULU ayal' balisa
Ol'ka Tix' uzuko;
Sisixel' is'bâkabâka
Umsebenzi Wake.

2 'Mini impompozelela
Eny' imin' inteto;
Nobusuku buxelela
Ubusuk' ukwazi

3 'Ntet' ayiko 'lwim' aluko,
Emhlabeni wonke,
Apo singavakaliyo,
Esi sandi sawo.

9 Bakangel' abangendawo
Abandibûqayo;
Kuz' intshaba zompefumlo
Ezingungelayo:

10 Zite-fiti kukutyeba,
Ziteta ngeratshi,
11 Ndihamba nje zindiraule,
Ukundilalela;

Mehlo azo atsolele
'Kundenzakalisa.
12 Kumfano nye nengonyama
Ukundibawela.

Zide zanga-ngonyamana
Esentsitelweni,
Inyebelezel' ixôba
Yokub' iliqwenge.

13 Kâusuk'ume, Yehova,
Uyihlangabeze;
Yiqukule, uyosele
Ngal' irele Lako.

Kukona wohlanguleka
Lompefumlo wami.
14 Nge Sak' isandla kubafo
Bepakade eli;

Abasahlulo sobu bom'
Bezaneza ngaso;
Bezalis' isisu sabo
Kwange ngqwebo Zako.

Abakolosa ngonyana,
Bebabel' amafa:
Ekupupumeni kwabo
Beshiyel' intsana.

15 Ndokubon' okukokwami
Ebulungiseni;
Koku vuswa kwam ndanele
Sisitomo Sako.

——o——

*Indumiso XVIII.*

**18** C.M.

NDIKUTANDA ngembilini,
Yehova, mandl' ami
2 Uliliwa, 'mboniselo,
Um-Sindisi kumi.

Wena Tix' uliwa lami
Ndizimela ngalo;
Upondo losindiso lwam,
Ngweletshetshe, ugxonde.

3 Ndimnqula-nje u-Yehova
Ngowokudunyiswa;
'Zintshabeni ndiyasinda,
Ngokuncedwa Nguye.

4 Ezokuf' izintya zona,
Zandijikeleza;
Nemilamb' ebutshijolo,
Yandibeta-beta.

5 Zintya zelabafileyo,
Zikwandibijela,
Ezokuf' izirintyelo,
Zandandatekisa.

6 Ekubandezelekeni
Ndanqul' u-Yehova;
Ndazibika Kuwe, Tixo,
Wev' etempileni.

'Kuzibika kwami kute
Kufikile Kuye,
Kany' ezindlebeni Zake,
Kwamkeleka Kuye.

7 Wahexeza, wanyikima
Wona-ke umhlaba,
Zagungq' iziseko-ntaba,
Kuba enomsindo.

8 Tapu! ums' ematateni,
Kwalenyez' umlilo;
'Malangatye abôdloza
Emlonyeni Wake.

9 Wawatoba amazulu,
Ukub' ehle ngawo;
Seyi ngamafu amnyama
Awenze inyawo.

10 Wakwêla i-Kerubini
Ukupâpâzela;
Tshwebelele ukuwuza,
Ngamapik' omoya.

11 Wazenzela ubumnyama,
Balisite Lake;
'Mnquba Wake wanxa zonke,
Kwe zamaf' ingqimba.

4 Kàwukànyise ndibone,
Undivul' amehlo,
Hleze ndingoleleyo nje
Ndilele ukufa.

5 Hleze lut' utshaba lwami:
Sendimoyisile;
Bagcob' ababandezeli,
Ndakushukunyiswa.

6 Ndikolose ngenceb' Ako
Ndangqiyama ngayo;
Mandigcobe ngentliziyo,
Ngosindiso Lwako.

7 Ndakuvuma ku-Yehōva
Ngokumemelela;
Ngako oku kundipata
Kuhle ngokungaka.

—o—

*Indumiso XIV.*

## 14 C.M.

ISIDENG' entliziyweni
Sit', Akuko Tixo;
Bonakalise ngentlondi
'Zingalungisiyo.

2 Ezulwini u-Yehova
'Qwalasel' umhlaba
Uba konyana babantu,
Uko-n' oqiqayo?

Uko-n' oququl' u-Tixo,
Enze ukulunga?
3 Bepelele batyekile,
Bonke bambòzisa.

Akuko ulungisayo,
Ewe, noko amnye.
4 Basebenzi bobutshinga,
Abana kwazi-na?

Bona badl' abantu Bam
Ngati badl' isonka;
Kuba bengenga banquli
Bake u-Yehova.

5 Bakunkwantya benkwantyile
Abo benjenjalo;
Ukwisizukul' u-Tixo
Sabalungisayo.

6 Ningalidanis' icebo
Lak' olusizana;
Oko Kwake u-Yehova
Ulihlati labo.

7 Maluvel' e-Tsiyone
'Sizo lo Sirayel':
Babuyiswe ekutinjweni,
Abo banga Bake.

Kokukòna wogcotyiswa
Low' ungu-Yehova,
Avuyisw' u-Sirayeli,
Kusindiswa Kwake.

—o—

*Indumiso XV.*

## 15 L.M.

NGUBANINA ongahlala
Ebusweni Bako, Nkosi?
Ngubanina oya kuma
Endaweni eyingcwele?

2 Ngohambayo ngokulunga,
Okwenzayo ukulunga;
Ngotetayo inyaniso
Otiyayo inkohliso.

3 Nguye ongahlebi bantu
Nguye ongatyoli bantu.
Nguye ongatiyi bantu
Nguye ongagxeki bantu.

4 Nguye ongatandi abo
Bayenzayo inkohliso;
Nguye otandayo abo
Bahlonele u-Yehova

5 Ngoligcin' idinga lake
Noko azonayo ngalo;
Ngongabolekiyo into
Aze adl' abanye ngayo.

6 Nguye ongamkeli mvuzo
Babulawe abamsulwa.
Okwenzayo oko konke,
Akakuz' ashukunyiswe.

20 Zimiselw' ukukoyika,
Wen' ongu Yehova ;
Ezintlanga mazizazi
Zilulūntu mpela.

*Indumiso X.*

10 C.M.

UZIFIHLELE ntonina
Okumela mgama,
Emaxeshen' obunzima
Ukude, Yehova ?

2 Amaratsh' abangendawo
Atshis' intsizana,
Zibānjiswa ngamaqinga
Abawenzileyo.

3 Iminqweno yompefumlo
Yake ongendawo,
Ngeqāyiya iyamncoma
Lowo ulibawa ;

Ngokubawela inzuzo,
Uzitiyisele ;
Wahlukene no Yehova,
Oya kumohlwaya.

4 Ebucini bongendawo,
Uti akubuzwa :
'Minqangiyelo yake, iti : –
Akako u-Tixo.

5 Ndlela zake zezodelo
Ngamaxesha onke
Kanti izigwebo zako
Ziya kumongama.

6 Ut' entliziyweni yake
'Ka kushukunyiswa ;
Kwezizay' izizukulu
'Ka kubona bubi.

7 Emlonyeni kushwabula,
'Nkohliso, 'ncudiso ;
Ngapantsi kolwimi lwake,
'Bubi nobutshinga.

8 Enqilini ulalela
Ukugwint' omsulwa ;
'Mehlo ake sok' ezonda
Umntu oludwayi.

9 Ntsitelweni ulalele,
Exel' ingonyama ;
Ukuze axwile emke
Nay' olusizana.

10 Ubutum' ubungezela
Ukubamb' udwayi ;
Bewele kwezak' izandla
Abazindwayinge.

11 Ut' entliziyweni yake
Ulibel' u-Tixo
Bus' ubusitelisile,
'Ka bonanga nento.

12 Kāusuk'ume, Yehova,
Pakamis' isandla ;
Mus' ukut' amalulama
Alityalwe Nguwe.

13 Umgibela-nin' u-Tixo
Lowo ungendawo
Abe ngot' entliziyweni :
Akasokubuzwa ?

14 Pambi Kwak' ububonile.
'Bubi, nenkatazo ;
Noludway' uzinikele
Kum-Ncedi-nkedama.

15 Ongendaw' mapul' ingalo,
Nesikohlakali ;
Akwenzayo kucikide.
Apendul' umlandu.

U-Yehova ngu-Kumkani
Kus' epakadeni.
Nezo ntlanga zobuginwa.
Zotshatyalaliswa.

17 Owelulama umnqweno
Uwuvile, Tixo ;
Way' zimasa intliziyo.
Wambazel' indlebe.

18 Elenkedama ityala
Noshicilelweyo,
Woligweb' umonwabise
Esese mhlabeni.

2 Hleze njengaz' ingonyama
Bauqweng' umpefumlo,
Bawudlavule, kungeko
Uwuhlangulayo.

3 Yehova, ukuba ndite,
Ngobumenemene,
Ndenza oku bubugqweta
Ngezi zam izandla ;

4 Ndat' obe sixolelene
Ndangomvis' okubi,
Ndambùnyula ndaqelesa,
Kungeko sizatu.

5 Mawusukelw' ufunyanwe
Owam' umpefumlo ;
'Bomi, 'zuko zinyashelwe
Kolupants' utuli.

6 Emsindweni pàsuluka
Ubapàkamele
Kwaba pupuma umsindo
Bandibandezele :

7 Vuka undikawulele
Umise umgwebo,
U'buyele unezizwe
Ezingqongileyo.

8 U-Yehov' uyakugweba
Elamu ityala ;
Aligqibe ngob'lungisa
Pakati kwezizwe.

9 Wolizimas' ilungisa
Akup' okungendawo,
Emcikidi-ntso, ntliziyo,
Engu Tix' ilunga.

10 Ngweletshetshe yam ngu-Tixo
Nditembele Kuye,
Ngum-Sindisi wentliziyo
Ezo ezite-tye.

11 Tixo, mgwebi, olilunga
Obàvuma 'mihla yonke
Ongendaw' oqèlesayo
Umlolel' irele ;

Umtyedela isapeta,
As' jongise Kuye.

12 Nezixòbo zak' ukufa
Zintolo zomlilo

13 Onenimba yobutshinga
Ew' akàul' ububi,
Wozizalel' ubuxoki
Int' ayakuy' bona.

14 Umb' umhadi uyagomba
Wokweyela kwake ;
Oko akusebenzayo,
Kuko kwesihogo.

15 Bubi bake bobuyela,
Entlokweni yake ;
Kuze elukakayini
Kumu gonyamele.

16 Ndibulela ku-Yehova
Ngob' lungisa Bake
Egamen' lo Pezu-Konke
Ndivum' indumiso.

—o—

*Indumiso VIII.*

## 8 C.M.

MBAPASANE, gàma-kùlu,
Nkos' etu, Yehova,
Mambàtisi wamazulu,
Hay' indili Yako !

2 Imilomo yabantwana,
Naba ngabanyayo,
Ngenxa yababandezeli
Useke amandla ;

Okudàmbisa utshaba,
Nongu mpindezeli.

3 Xana ndiyiqwalasela
Yonk' imisebenzi,

Amazulu, ozinyanga
Nazo inkwenkwezi,
Ayindalo Yak' osandla
Singu mmangaliso ;

4 Umntu lo uyi ntonina
Okumkùmbulela ?
Umvelela ngantonina,
Ka-Adam unyana ?

5 Kancinan' angabi Tixo
Ngobungangamela ;
Ukupakamel' iwonga
Lase b'qaqauleni.

Hlez' anitshabalalise
Esazel' ingqumbo,
Nina nisese ndleleni
Yokulibazisa.

13 Kubavukel' isabelo
Lutshabalaliso;
Kodwa hay' uyolo kwabo
Bazimela Ngaye.

——o——

*Indumiso III.*

**3** C.M.

ZANDE, zand' intshaba, Nkosi,
Zindicùnubile,
2 Zade ngompefumlo zati,—
Awusizwa 'Tixo.

3 Koko, Wen' ukàka lami
Umvusi 'ntloko yam,
4 Entaben' engcwele weva
Ndakuba ndikàla.

5 Ekulalen' ubutongo
'Tixo wandivusa:
6 Kwizigidi zabacàsi
Ndokuselwa Nguwe:

'Macal' onke bak' uluhlu,
Kodwa andoyiki.
7 Kàusukume, Yehova,
Undisize, Nkosi.

Uzibete emhlatini.
Ezi ntshaba, Tixo;
Lamaziny' abangendawo,
Uwapule, Tixo.

8 Loluka Yehov' usizo
Ebantwini Bake,
Yon' intsikelelo Yako
Yomapezu Kwabo.

——o——

*Indumiso IV.*

**4** C.M.

NDAKUTARUZISA ndive,
Tixo, 'kulunga kwam
Embandezelweni yami
Wanditwabulula.

2 Nyana ndini bab' abantu,
Koda kube nini?
Niluhlaza o-Lwam' uzuko
Nitand' okungeni?

3 Yazin' okwe 'Nkosi kona
Iz' nyulel' ilunga,
U-Yehova ndakumbiza
Uyapulapula.

4 Ekuqumbeni ningoni,
Laulan' intliziyo;
Zinkukweni zokulala
'Bani nokuzola

5 Mayibingw' iminikelo
Yob' lungisa nini,
Kube ngaye u-Yehova
Ukwayama kwenu.

6 Soboniswa ngubanina
Okulungileyo?
Nkosi, ukanyiso Lwako
Sipakamisele.

7 Kuy' eyami intliziyo
Undicàitisile
Kunab' enqòlow' eninzi
Kwanentshà iwayini.

8 Ndakulala ndonwabile
Ngoxolo, ndizole.
Kuba ndiqamele Ngawe
Kobo budwayinge.

——o——

*Indumiso V.*

**5** C.M.

MAZWI ami, O Yehova,
Wabekel' indlebe
Nak' endikucamangayo
Makunga kuposi.

2. Ndibongoza, baz' indlebe,
Kumkani, Tixo wam;
Kuba nditandaza Kuwe
Nguwe owondiva.

3 Kwakusasa ndomemeza
Ndibèkisa Kuwe;
Ndisingisa umtandazo,
Ndingolindileyo.

